


INGABA NITHI NGUBANI NA LO?

 Molweni, zihlobo. Eneneni ndikubalela oku njengenyhweba yokuba kweli bandla. Kwaye ngandlela ithile ndiyalithanda igama lalo okokuqala. Libizwa “IGama likaYesu.” Ndiyayithanda lonto. Kwaye ndi—ndicinga elo li—elo li... Elo liGama endasindiswa ngalo, eliya lithandekayo iGama leNkosi uYesu. Kwaye ngoko ukuba ngaphakathi apha nezihlobo zam ezilungileyo, sihlange ne apha kule ithandekayo entsasa yeCawa, kanye apha ePhoenix. Andazi kwandawo engenye endingabakuyo, ngaphandle kube seLuzukweni kunye nani nonke. Kwaye eso sisiganeko esikhulu esijonge kuso ngomnye umhla.

² Kwaye ndibenomnxeba ngokugula, ukuba ndinyukele apha, namhlanje. Kwaye bendithetha kuMzalwana Outlaw, umhlobo wam obalulekileyo, kwaye yena—yena undimemile ngencebakazi ukuba—ukuba ndinyuke. Kwaye bonke abalungiseleli apha ePhoenix bebelunge ngenene kum.

³ Ndiyamangaliswa ngamanye amaxesha kutheni ndafudukela eTucson. Bendisezantsi phaya iminyaka emithathu, kwaye zange ndamenyelwa nakwenye ipulpiti. Ke ndiyacinga ndi... nje kufanele ndenze olwam—olwam utyelelo phezulu apha eTucson... okanye apha ePhoenix, apho ndiziva ndamkelekile. Kuhle, mhlawumbi bazakude bandiqhele ngelinye... Niyazi, ndishumayele ezantsi phaya ngobunye ubusuku, kwaye ndishumayele iyure ezintathu; akumangalisi abazange bandibiza ukuba ndibuye.

⁴ Kodwa ndineyona i—imvakalelo entliziyweni yam ngoThixo nabantu Bakhe. Kwaye ndicotha kakhulu, kwaye ndi—ndiyoyika ndiyakushiya okuthile ndize ndingafaki okwaneleyo, kwaye ndibeka malunga nemithathu okanye emine imiyalezo komnye. Ke ndiqinisekile... kuni bantu enanisezantsi phaya, ndiyaxolisa ngokunigcina ela thuba lide. Bekungafanelekanga ndikwenzile okuya.

⁵ Kwaye kananjalo ndiyavuya ngale ntsasa ngokubalapha noMzalwana uCarl Williams, nosemtsha uJimmy apha, nekwayala, nomhlobo wam abazalwana bakwaMosley; jonga uBrad, uMzalwana uJohn Sharrit, nabaninzi babahlobo bam; umzalwana uPat Tyler, apha, usuka phezulu lee eKentucky, kunye—kunye—kunye nabaninzi kakhulu abahlobo nje ukuhlanganisana kweli—kweli bandla ngale ntsasa. Jonga, ndibone abaninzi abahlobo bam abasuka eTucson nanjalo njalo, behleli apha.

⁶ Ndinga ngemini eyodwa xa konke oku kugqithile, emva koko siyakuhlanganela apho siya... asisayi...

asi—asisayi kupheza ekumameleni kulo mculo mnandi, niyabona. Kwenzekile nje ndiqaphele ukuba unyana kaMzalwana uWilliams, ehleli emva phaya, wenze ubungqina ngobunye ubusuku ezantsi eRamada Inn. Kwaye ndiyacinga umalunga kufutshane nesithandathu iinyawo ubude. Kodwa ndiyakuxelela, emva kobabungqina, ndiyakholwa wayelishumi leenyawo ubude. Yena nje...Eneneni ndiyakuncoma oko inkwenkwe iikutshiloyo, obumangalisa ngenene ubungqina.

⁷ Xa ndisiva aba bafo batsha bahle bengqina ngokholo lwabo olumiliseleke kuKristu... Kwaye mna—ndiyaguga, kwaye ndi... ngenye imini ndifanele ndi—ndi—ndiyeke ndize ndiye eKhaya. Kwaye ndibona aba bafo batsha bahle besiza bekulungele, kwaye bezilungisile ukuba bathabathise apho ndishiye khona... Kwaye leyo yindlela esenza ngayo. Obo yindlela ubomi obubekwe ngayo. Okokuba thina... esinye isizukulwana siyakunyukela... kwaye utata nomama. Kwaye babakhulisile ababo abancinci, baza bababona betshata; nabazukulwana bevela. Kwaye emva kwexesha, kuhamba kusehlala uTata noMama eluthulini. Kuze emva koko, ngela xesha, abantwana ke bakulungele kwakhona ukuba nabazukulwana; kuze emva koko, bayehlela bamke. Kodwa kuyakubakho olukhulu, lika wonke-wonke uvuko ngenye yezi mini. Siyakubizelwa sonke eBukhloneni bukaThixo ukuya kunika ingxelo ngesikwenzileyo ngoko uThixo asinike kona: uYesu Kristu. Kwaye ke, ndivuya kakhulu ukwazi ukuba ndiphile kwesi sizukulwane kunye neli lilungileyo igquba labantu, abakwihlabathi lonke, endithe ndadibana nabo. Ndi—ndi nje—nje ndinombulelo kuThixo. Kwaye ngenye imini xa ubizo lwam lufika, kulungile, ndiya—ndiyakufanela ndiyokuhlangana nezenzo endizenzileyo. Ndifuna zona zibe zonke eluzukweni newonga likaThixo.

⁸ Kukho ezininzi zezinto njengoko ndi... sijonge uNyaka Omtsha endi—endingwenela ndinga—ngalibala malunga nawo, kodwa ndiyazi okokuba ndizivumile njengezingalunganga kuYe kwaye—kwaye Yena uzifake kuLwandle loKulibala, kwaye Akasayi kuzikhumbula kwakhona. Ngoku jonga, asenziwanga ngala ndlela, siyakusoloko sikhumbula. Singaxolela omnye nomnye, kodwa a—asikwazi kulibala malunga nayo ngokuba se—se—senziwe hlukileyo. Kodwa uThixo angayixolela ayilibale. Angayicima nje njengathi ayizange yenzeka. Yabona? Ngokuba Enakho ukufikelela kwela Lwandle loKulibala, kodwa asinakho. Cinga nje ngalonto, okokuba uThixo akanakho nokukhumbula sakhe sona. Cinga ngalonto! Kwayara, nina bafo bancinci, kungathini ukuba... malunga naphi noko? UThixo akanakho nokukhumbula okokuba sakhe sona. Yabona, Unakho ukulibala yonke into, kwaye ayisokuze iziswe engcingeni kwakhona. Ayisayi kuba yinto lonto?

⁹ Lena asiyondawo nje yeziqhulo. Andikholelwa kokwa kuhlekisa okanye ukuqhula kwi... Indikhumbuza nge—

ngesihlobo sam. Simkile siye eLuzukweni ngoku. Kodwa sa—sandibalisela ibali ngaxesha lithile, malunga namaqabana afudukela esixekweni kwaye... ukusuka elizweni. Kwaye ayene... La maqabana matsha ayenotata omdala, kwaye wayevutha ngenene ngoThixo. Ke inenekazi elitsha (yayinguyise) u... ke lalinabaphakamileyo abantu. Niyazi, apho ninalo lonke uhlobo lokuphakamileyo ukuzonwabisa. Kwaye ke, lalizakuba nohlobo oluthile lolonwabo ngaloo mini endlwini yalo.

¹⁰ Kwaye—kwaye lona—utata walo, emva kokuba edlile okwasemvakwemini, kutheni wa—wayeyakufumana iBhayibhile aphuma egumbini aze afunda ithutyana. Aze ayibeke phantsi Yona, aze alile, andanduluke, akhwaze, aqhubeke, aphakame abeke indondo zakhe afunde kwakhona. Emva koko afumane into ethile, abeke indondo zakhe phantsi aqalise ukulila ekhwaza. Lathi, “Okokuyakuphazamisa umgidi wam ke di—ndi—ndifanele ndi... Ndifanele ndenze into ethile ngoTata, kwaye andazi emandikwenze.” Ke lagqiba liyakumenza anyukele kumgangatho ophezulu, aze anyuke—aze anyukele ngaphaya—indawo.

¹¹ Kwaye—kwaye langena ekucingeni, “Kulungile ngoku, andinakumnika iBhayibhile yakhe, kuba uyakwenza into ekwanye phezulu phaya.” Ke lamnika nje iGeography endala, laza lamthumela phezulu phaya. Lathi, “Tata, jonga kwimifanekiso ehlabathini nezinto ngelixa sinomgidi.” Lathi, “Asizukuba bade. Siya—siyakubasezantsi... Uhle emva kwethuba.” Lathi, “Ndiyazi akufuni kuba khona apho abafazi bakhoyo.”

¹² Wathi, “Hayi, kulungile konke, sthandwa. Ndiya—ndiyakunyukela phaya.”

¹³ Ke wa... Lamlungiselela ethambileyo nencinci indawo. Laza lacinga, “Kulungile, okuya—okuya kuyalungisa. Ngoku, uyakujonga nje kwimifanekiso aze afunde intwanana ye—yegeography, aze emva koko... emva kwethuba uyakwehla. Kwaye kuyakulunga.”

¹⁴ Ke malunga nelixa babephakathi ekuseleni kwabo esabo isiselo selamuni, uyazi, kwaye benomgidi wabo... Kwakusemva kwethuba, indlu yaqalisa ukugungqa, kwaye ixhego laqalisa ukubaleka lisihla linyuka emgangathweni ukukhwaza nokuxhuma. Kwaye—kwaye lacinga, “Kwenzeke ntoni kuye? Akakhange abeneBhayibhile phezulu phaya. Okuya... Kunokwenzeka ufumene iBhayibhile.”

¹⁵ Ke wabaleka wenyukela ngamanyathelo, wathi, “Tata!” Wathi, “Leyo asiyoBhayibhile uyifundayo. Leyo yiGeography.”

¹⁶ Wathi, “Ndiyazi lonto, sthandwa. Ndiyayazi lonto! Kodwa” wathi, “uyazi, ngenye imini ndandifunda eBhayibhileni apho uYesu wathi Wabeka izono zethu kwiLwandle Lokulibala,

yabona, kwaye engayikuzikhumbula kwakhona. Kwaye bendifunda apha apho bathi abanakho nokufumana umphantsi wolwandle kwenye indawo, kwiGeography.” Wathi, “Cinga nje, zisaqhubeka.”

¹⁷ Oko kwakumvuyisa. Ke ungamfunama uThixo naphi apho ujonga khona. Yabona, ukuba unokubhekabheka, yonke into iyakuMthethela.

¹⁸ Ngoku ngenene, ngokunyanisekileyo, nda—ndamxelela uMzalwana Outlaw, “Ndiyakuthetha ngantoni ngale ntsasa? Ingaba uwuthethile umyalezo wakho weKrisimesi?”

Wathi, “Ewe.”

Ndathi, “Umyalezo wakho woNyaka Omtsha?”

“Hayi.”

¹⁹ Ke, ndinokuphawulweyo apha enokuba ukuba ndingafumana na isimemo ndaweni ithile, ndizakuthetha owam uMyalezo woNyaka Omtsha. Ndacinga ndiyakukushiya oko kuMzalwana Outlaw ibe kokwakhe, kwiveki ezayo.

²⁰ Ke ndacinga mhlawumbi ndiyakuwela emva kwisiqendwana esincinci apha esinokusigcina okwemizuzu embalwa, iNkosi ithandle. Kwaye siyathemba Uyakusisikelela. Ndifuna ukubulela uMzalwana Outlaw kunye nebandla apha, ngokundimemela ukuza kuthetha apha. Kwaye ndi... NjengoMzalwana Outlaw etshilo, ukuba “ubuhlobo bethu abuzange bome,” kodwa inceba kaThixo isigcinile kuyo yonke le minyaka. Eli libandla lokuqala ukundimema, kwaye ndizile, kwakusePhoenix.

²¹ Ngoku ndi... ndiyakholwa ndijonge kuMzalwana uTrow, apha. Andiqinisekanga... ehleli ngaphambili. Ingaba kunjalo, Mzalwana Trow? Ndiyakholwa wayekhona ngela xesha. Ndinezinto ezincinci athe wandinika zona ngela lixa; ezincinci... barhugule bakhupha into. Niyazi, izinto ezincinci zekopa ezisuka phezulu apha apho nihlala khona. Kwaye niyabhekabheka... Kwaye ndiyamangaliswa nje ukuba iyakuba yintoni ngalaa ntsasa xa siwelela ngaphesheya, niyazi, kwaye siyekubona abantu... bathi, “Kuhle, kukho...” Niyazi, siyakujongeka hlukileyo kakhulu ngeloxa, kunokuba senzile ngoku. Siya... Injalo lonto. Asiyikuba naziphaku zasono okanye ukuguga. Siyakuba ngabagqibeleleyo. Owu, ndiyalirhalela elo xesha (aninjalo?) apho zonke iingxaki ziyakube zigqithile.

²² Kwaye ngoku, ndinoMyalezo osuka kuThixo e—endiwuva ngemvakelelo. Kwaye ndi... andifuna kuba ngowahlukileyo, kodwa kufanele ndinyaniseke. Kwaye ukuba andithethi mbophelelo zam, ngoko aninakuba nangqiniseko kum. Ngokuba ndi—ndi—ndiyakuba ngofana kakhulu nomqhankqalazi okanye umhanahanisi. Kwaye ndi—ndifuna ukuba yenye into engenye ngaphandle koko, niyabona. Ndingaphulukanana

nezihlobo ezimbalwa emhlabeni, kodwa ndi—ndifuna ukuhlala ndinyanisekile kwiimbophelelo zam, koko ndicinga ukuba kulungile.

²³ Ngoku, kwiminyaka eyagqithayo, kwakulula kakhulu xa ndaqalisayo; kwaye imiqondiso, nomyalezo, nentshumayelo. Yonke indawo ingalo yayivulekile, “Yiza! Yiza! Yiza! Yiza!” Kodwa emva koko, uyabona, wonke umqondiso wenene osuka kuThixo unawo u—uMyalezo, iZwi. Yabona, Liyawulandela. Ukuba akunjalo. . . UThixo akanikezi nje nantoni enje ngaleya nje ukwenzela ulonwabo lokuyinikezela. U—Uthumela into ukutsalela umdla koko Alungiselela ukukutsho. Njengokuba sinalo umangalisayo umculo le kwayala ewenzayo; wawenzelwa ntoni? Ukuzolisa abantu ukwenzela umyalezo ozayo.

²⁴ Oko koko—oko koko umqondiso owenzayo. UMoses wayenomqondiso esithethe ngawo ngobunye ubusuku, kwaye umqondiso wawunaMazwi. Kwaye i. . . a iZwi lathetha. . . UYesu waphuma naye eyokuphilisa abagulayo. WayeyiNdoda ebalulekileyo. Kodwa xa kwafika kwixesha okokuba laa—laa Mprofeti, owayesemhlabeni. . . Ababengakhande ababenaye amakhulu amane eminyaka, kwaye apha Wayesemhlabeni esenza imiqondiso. Emva koko waye “ngumfo olungileyo,” wonke ubani wayeMfuna. Kodwa xa uMyalezo owalandela umqondiso (iZwi). . . xa Wahhlala phantsi ngenye imini, wathi, “Mna noBawo siBanye.” Owu, bethu! Oko—oko—oko kwakuyinto eyahlukileyo. Zange ba—bakufuna oko. Yabona?

²⁵ Kwaye oko. . . ihlabathi linjalo, zihlobo. Yabona? Bona. . . yonke into abanokuyifumana, ukuba banakho—banokuzinceda ngayo, uyabona. . . Okokuba ba—baziva ngolohlobo okoko nje ingabakhathazi bona, kutheni, baya—bayakuyenza. Kodwa xa kufika ixesha lokuba baguqule izimvo zabo malunga nezinto, kulapho ingxaki ifikayo.

²⁶ Ngoku, yabona, sakha isakhiwo, hayi udonga. Abakhi bafuna ukuthatha umgca webhloko baza bahle ngqo. Ngoku wonke umakhi angakwakha oko. Kodwa kuthatha uchwephesha wenene ukujika idolu. Yabona? Xa kufuneka usike idolu, elo lixesha elithathayo. . . ibonisa okokuba ungo—ungowenene umchweli wamatye okanye hayi; xa unakho ukujika idolu ngalo, uze ugcine inqubekeko yaso sonke isakhiwo, kodwa ujike idolu. Ngoku kula madolo kulapho ingxaki ibakho. Abakhi bafuna ukugcina isakhiwo ezantsi. Kodwa asakhi ludonga; kodwa, isakhiwo.

²⁷ Ngoku njengoko sisondelela koku, ngale ntsasa, nindithandazele, kwaye ndiya. . . Ndasoloko ndithandaza ngani. Kwaye ngoku, masithobise iintloko zethu nje ithuba eBukhoneni boMkhulu uYehova, uThixo. Kwaye siyakuqonda ukusilela kwethu; sonke kuthi senze njalo. Kwaye asikho namnye apha

kodwa ngabo banesidingo. Kwaye andazi, ngelixa sithandazayo, ukuba kukho nabani wenu onesidingo esikhethekileyo?

²⁸ Niyazi, ongenangqibeko uThixo, njengoko nditshilo apha ePhoenix ngomnye umhla kwi—kwintlanganiso ezantsi apha. . . Nje ngomabonakude, iyeza, uKristu ulapha kanye esakhiweni ngoku. Yabona, yonke intshukumo oyenzayo, lonke ixesha uqhwanayaza iliso lakho, ayisokuze ife. Ikwelinye iliza lomoya. Umabonwakude awuvelisi oko. Ichola nje ela liza lakho, ize ilivelise kwisibuko. Ilapho nakanjani. Yabasoloko ilapho. Yonke intshukumo owakhe wayenza isaphila, emoyeni. Ngoku, niyabona esiyakuba kuko emgwebeni?

²⁹ Ke, uThixo ulapha ngohlobo olunye. AsiMboni, njengoko singayiboni imifanekiso kamabonwakude. Ithabatha ithumbu elithile okanye ikristale yento ukuchola ilizwi, ize ivelise umfanekiso nanjalo njalo. Kwakulapha ngexesha u-Adam wayesemhlabeni, kodwa siyifumanisile nje. UThixo ulapha ngale ntsasa. Kwaye ngomnye wale mihla, kwiMillennium, sizakuqonda. Izakucaca nje kakhulu ngaphezulu kunomabonwakude okanye izinto, okokuba Wayelapha emhlanganweni ngale ntsasa.

³⁰ Ngoku ngelixa si. . .phezu kwaloo ngcabango, gcina entliziyweni yakho oko onesidingo ngako, kwaye nje phakamisela isandla sakho kuYe. Ungakwenza oko? Uthi, “Nkosi, . . .” Kwaye entliziyweni yakho, cinga ngengcamango.

³¹ Ngoku, Bawo waseZulwini, sinalendlela inye yokuza, kwaye ingendlela yomthandazo. Kwaye si—siza eGameni leNkosi uYesu. Asi—asifanelekanga ukuphefumla iGama, ukulisebenzisa Lona. Asi. . .akukho ndlela esicinga ukuba sifanelekile, kodwa ngokuba simenyiwe ukwenza oko. Kwaye ekwazini oku, ukuba Wathi, “Ukuba ucela uBawo nantoni na eGameni Lam, Ndiya—Ndiya—Ndiyakuyinikeza.” Kwaye siya. . .ukuba ukholo lwethu lungema nje emva koko, ekubeni iliLizwi Lakhe nokuba Engubani Yena, ngoko siqinisekile ekufumaneni oko sikucelayo. Uyabona sonke isicelo. Uyabona isandla sam. Uyasazi isicelo sam.

³² Kwaye Bawo, ndithandaza ngamnye wabo bonke. Okokuba yonke into abanesidingo sayo. . .Nkosi, andikholwa ukuba iqela elinje ngeli lingacela nantoni engalunganga. Iyakuba ngokwento yokuqhubela phambili ubukumkani babo, ingaba yeyempiliso yabo, kwaye ekwenzeni oko, bayakuyidinga, okanye okokwabo ukuqonda, bayakukudinga oko ukuze babenokuqhubelisela phambili uBukumkani bukaThixo.

³³ Kwaye ndiyathandaza, Thixo, okokuba isicelo somntu ngamnye sabo bonke siyakuphendulwa. Sikelela eli bandla, umalusi walo, abancedisi balo, amadikoni, namathenjwa, onke amalungu alo, abatyeleli, abahambeli. Abangabo abahambeli, Nkosi. Sonke singabantwana Bakho ngobabalo

nangokukaKristu. Kwaye siyathandaza ukuba Uyakusinika ngale ntsasa iSonka soBomi ngoku, ukuze sibenokumka apha sinokuqonda ukuba ezi zicelo esizicelileyo zinikezelwe kuthi.

³⁴ Sikelela iLizwi, Nkosi, njengoko ndilifuna Lona. Akukho ndoda e—enakho okanye enesakhono sokutolika ela Lizwi. UYohane wabona iNcwadi esandleni saLowo ohleli phezu kweTrone, kwaye kwakungekho bani eZulwini, okanye emhlabeni, okanye phantsi komhlaba owayefanelekile nkqu ukujonga eNcwadini. Kodwa omnye wabadala wathi, “Yabonani, i—iNgonyama yoHlanga lukuYuda yoyisile.” UYohane, ejonge ukuze abone i—ingonyama, wabona iMvana eyabe ixheliwe, e—eyophayo iMvana iphuma isiza yaza yayithabatha iNcwadi, yakhwela phezu kweTrone yahlala phantsi. Kwaye zonke izintatanyiswa zeZulu zathula izithsaba zazo ezintlokweni zazo zaqubuda zaze zazi ukuba Yayifanelekile.

³⁵ Nkosi, siyathandaza Iyakuza eTroneni yeentliziyo zethu ngale ntsasa. Ikhwele ithabathe indawo yayo yonke ingcinga esinayo, ize ithabathe iLizwi ithethe kuthi ukuze sibe nokwazi ngaphezulu malunga naYo necebo Layo ebomini bethu. Sikucela oku eGameni likaYesu. Amen.

³⁶ Ngoku, ukuba unqwenela ukutyhila eBhayibhileni kwi... ISibhalo sifumaneka koNgcwele uMateyu isahluko sama-21, siqale nge...Ndicinga sifunda i—i-10 kunye ne-11 umqolo wesahluko sama-21 kaMateyu. Yibani ngabalungileyo, xa nigoduka, ukuba anisele nikwenzile oko ngezi holide, ukuba ninokufunda esi sahluko sonke. Silunge kakhulu. Silunge sonke. Esi ngokukhethekileyo, seli lixa, kwaye kunye noMyalezo ndiyathemba ukuba uMoya oyiNgcwele undenze ndanizisela ngale ntsasa.

³⁷ Qaphela umqolo we-10 njengoko sifunda, nowe-11.

*Akungeni eYerusalem, wonke umzi
wazanyazanyiswa, usithi, Ngubani na lo?*

*Yathi ke indibandiba, Lo nguYesu umprofeti
ongowaseNazarete yelaseGalili.*

Ngoku masi... UThixo ongeze eLizwini Lakhe u—umxholo wesi sifundo seSibhalo.

³⁸ Ngoku siyazi ixesha elililo, kwaye abaninzi benu niqhelene nesiSibhalo sesi sahluko sithile. Sona sikwi...ngokwenene kumhla wokuza kukaKristu eYerusalem, ekhwele i-esile elincinci. Kwaye si...Kukho igqala elithi “yayili esile eli mhlophe.” Ndingacingela, kwingcingane eyandulelayo yokuza kwakhe okwesibini kwihashes elimhlophe. Ela xesha, umprofeti watsho, okokuba “Uyakukhwela...UKumkani wenu uza kuni ekhwele inkonyane ye-esile, ethobekile.” Leyo yindlela Aza ngayo kwaye—kwaye...phezu kwe—kwelincinci i-esile, omncinci umthwali-mthwalo. Kodwa kwixesha elilandelayo

Uza esuka uLuzukweni (kwisahluko se-19 seZityhilelo), Uza njengoMeyisi Omkhulu. Ingubo Yakhe ithwe nxu egazini, ehleli phezu kwehashe elimhlophe, kwaye wonke umkhosi weZulu umlandela Yena uphezu kwamahashe amhlophe. Kwaye igqala (hayi ngokwesibhalo okanye ngokwebhali)...Kodwa igqala likholelwa ukuba wayekhwele Yena elincinci i-esile elimhlophe njengoko Wayesiza eYerusalem.

³⁹ Ngoku oko...ndikhethe oku...kuse...ngokuba oku sisesithunzini se...okanye sikwixesha leKrisimesi, kunye—kunye noNyaka Omtsha; ukuphela konyaka omdala, nokuzisa omtsha. Iintsuku ezimbalwa ngoku, abantu abaninzi bayakutyhila amaphepha amatsha kwaye—kwaye benze izinto ezintsha besenza nezimbambathiso ezintsha; kwaye kuqalisa uNyaka Omtsha. Kwaye ayibonakali kum ngokukhulu ngathi yiKrisimesi. Andazi kutheni, ndisoloko ndithanda ukuyibiza “Santa Claus Day.” Yabona? Ngokuba akukho nto ingako eneneni...

⁴⁰ Isenokuba yayikukuzalwa kukaKristu. Eneneni ibigenakuba njalo nje. Kufanele Wazalwa ngoMatshi okanye Apreli, kuba WayeyiMvana. Kwaye Wayeyimvu eliduna kwaye wazalwa phantsi kwenkunzi yegusha, i-Aries. Kufanele ibenjala, uyabona. Kwaye izimvu azizalwa ngoDesemba kakade. Izimvu zizalwa eNtlakohlaza. Kwaye enye into ngoku, iinduli zakwaYuda ngoku, kukho amashumi amabini ekhephu kuzo. Bangaba babephaya njani abelusi?

⁴¹ Ke ngokwenene iphuma kubuntsomi bamaRoma, ntoleyo yayilusuku lokuzalwa kwesithixo selanga. Njengoko ilanga ligqitha, iimini ziyanda ngokwanda, nobusuku bube bufutshane. Kwaye phakathi kwama-20 nama-25 kaDesemba ngumhla wokuzalwa kwesithixo selanga, phantsi kobuntsomi bamaRoma—Roma. Kwaye emva koko izithixo zabo...Kwaye ngoku abhiyozela usuku lokuzalwa kwesithixo selanga. U-Constantine, kwaye—kwaye wenza umgaqo siseko webandla norhulumente nanjalo njalo, wathi, “Siyakuyiguqula” (engazi ukuba yayiloluphi usuku) “silubeke phezu kosuku lokuzalwa likathixo-welanga, kwaye siyenze: *Usuku lokuzalwa lukaNyana kaThixo.*” Yabona? Ntoleyo...Kodwa asazi loluphi usuku eyayilulo.

⁴² Kodwa ngoku, awabo, akhuphela ngaphandle uKristu, de yonke into...abanye babuyisele ubuntsomi besidalwa esakhe saphila, ngentelekelelo, ngegama elinguNgcwele Nicholas okanye—okanye Kriss Kringle, ubuntsomi baseJamani. Kwaye konke yintsomi, uKristu akekho kuko konke.

⁴³ Kwaye abantu bajikele ekuthengeni igrangqa, no—nokungcakaza, neefashoni. Kwaye u—umntu othe... usomashishini onokuthengisa izinto zakhe ngexesha leKrisimesi angaphila unyaka wonke, phantse. Yabona? Yiholide enkulu

kakhulu, intengiso. Kwaye iintsizi zabantwana abancinci ezitratweni; abazali babo abanakho uku—ukubatelela kunye ne—nezipho, njengesuka kuSanta Claus, kwaye behla ngestrato, kwaye ezabo ezimdaka izandla namehlo abo abomvu. Ndi—ndikuthiyile nje ukubona oko kusiza. Ifanele ibe lusuku olungcwele lokunqula uThixo, endaweni yentliziyo ebuhlungu nentloko ebuhlungu nezinto ezenziwayo. Akukho nto ingoKristu malunga nokuya. Kodwa sisembindini kanye wako konke okuya ngoku.

⁴⁴ Sizifumana, into ethile ngathi babenjalo ngelo xesha. Yabona, iyangena nje ngoku kwisidlo esikhulu. UYesu wayesiza eSidlweni sePasika. Kwaye wangena eYerusalem...okanye engena eYerusalem. Kwaye iziprofeto zento yonke Awayenzayo kufanele zizaliseke. Yonke into eBhayibhileni inentsingiselo. Lonke igama linentsingiselo. Akukho nto ibhalwe eSibhalweni kodwa inayo i—intsingiselo enkulu kakhulu.

⁴⁵ Ndithethe ngobunye ubusuku eTucson, ku *Kutheni Kwafanela Ukuba Ibe Ngabelusi Endaweni YaBezakalizwi?* Wazalwa kanye ecaleni lebandla. Kwaye uMoya oyiNgcwele usimka usiya entlango kwaye echola, hayi abezakwalizwi, kodwa abelusi. Yafanela ukuba ibe ngalaa ndlela. Abezakwalizwi babengayi kuwukholelwa lowa unjalo uMyalezo. Ke ba... Kwafanela ukuba ibe ngabelusi.

⁴⁶ Ndishumayeke phezulu apha, kwiminyaka embalwa egqithileyo, iminyaka emibini egqithileyo, *Kutheni Yabanjalo Yona, Yona Ibe YiBhetelehem Encinci?* INkosi ithandle, kwiKrismesi elandelayo, ndifuna sishumayeke kuyo, *Kutheni Kwafanele Ibe Ngamadoda Azizazi?* Aba Kutheni?: bafumana iimpendulo kubo, kwaye balapha kanye eBhayibhileni. Kwaye siphila kwixesha elimangalisa kakhulu, elona xesha libalulekileyo kuzo zonke izigaba. Siphila apho, nantoni na ethi i...ixesha lingaphela kwaye uNaphakade unokumanyana kanye kunye nalo uze uqhubeke. Izigaba zabo bonke abaprofeti neenkonde, ababenjonge kuzo. Sifanele sibe sekuqapheleni, siqaphele ukuza Kwakhe.

⁴⁷ Sizifumana, kuleKrismesi, nje malunga nabakwenzayo kwiKrismesi yokuqala. Ihlabathi limalunga nje nokuphalala. Njengokuba ndishumayeke kuye ngaxesha lithile, ndaweni ithile, malunga nomyalezo seKrismesi, *Ihlabathi Liyaphalala*. Kwaye ihlabathi kwakhona limalunga nokuba ziingceba. Jonga kwiinyikima ngapha apha eCalifornia. Ndiyaqikelela, phambi kokuza kweNkosi uYesu, ukuba uThixo uyakuzikisa laa ndawo. Ndiyakholwa iHollywood neLos Angeles, nazo ezo ndawo zinyhukunyuku ngaphaya phaya, okokuba uThixo uSomandla uyakuzizikisa zona. Ziyakuya ngaphantsi kumphantsi wolwandle. Kwaye sisono esikangako, uyabona, luthintelo.

⁴⁸ Impucuko ityhutyhe nelanga, ukusuka...kwaye iqale eMpuma, yaya entshona. Kwaye ngoku ikuLwandlekazi lwaseNtshona. Ukuba isaqhubekekela phambilana, iyakubuyela eMpuma kwakhona. Ke eso sisithintelo. Kwaye isono sityhutye kunye nempucuko, kwaye iba ngumgxobhozo wazo zonke izigaba. Izinto abazenzayo ukuba—ukuba abantu nakwesiphi isigaba babengenakucinga ngento enjalo. Abafazi bazilahlele kwinto enjalo ukungcola, de kungabikho mfazi nakwesiphi isigaba onokucinga nokucinga ngento enjalo njengoko sisenza namhlanje. Size emva koko sizibize ngamaKristu. Elinjani ihlazo!

⁴⁹ Akumangalisi nje umprofeti omkhulu wavukayo, waza wathi, “Andingomprofeti nokuba unyana womprofeti, kodwa...” Wathi:

*Ingonyama ibharhule, kwaye ngubani na ongoyikiyo?
Kwaye... UThixo uthethile, kwaye ngubanina ongayi
kuprofeta?*

Yabona? Kukho into ekufuneka ibizile.

⁵⁰ Sikwiyure ebuthathaka; ihlabathi likuyo. Kodwa iBandla, iBandla lenene (hayi ihlelo); kodwa iBandla, Ngokwalo, lilungele uloyiso olukhulu Elakhe lwalwenza: ukuza koMyeni kuMtshakazi.

⁵¹ Siyehlukana, sifuna umesiya (into ethile) ukuba ize izekusisindisa, isikhuphe kuko konke. Sijonge ezantsi... iingxaki ezantsi eMpuma. Sijonga ngaphaya e-Afrika kuvukelo, neengxaki zobuhlanga, nokuxutyani swa, no—nokohlukaniswa. Kwaye sonke siyatshikila sixwaxwe apha kungekudala (abahlobo bethu bebala) malunga, “Kufanele sibenayo, kufanele sibe nokuhlanganiswa. Yilonto esiyifunayo. Kufanele sibe nokuhlanganiswa; wonke umntu, ngokulinganayo, wonke umntu.” Kuhle, oko kugqibelele kulungile. Oko kugqibelele kulungile. Andikholelwa kubukhoboka. Bona abantu babengengomakhoboka into yokuqala. Abangomakhoboka.

⁵² UThixo ungumahlukanisi. Ndinjalo nam. Wonke umKristu ngumahlukanisi. UThixo wahlukanisa abantu Bakhe kubo bonke kubo. Bona... Kwabasoloko kukho ukwahlukaniswa. Ukhetha isizwe. Ukhetha abantu. Ungumahlukanisi. Wazenza zonke izizwe. Kodwa noko, umKristu wenene kufanele abe ngumahlukanisi. Ezahlula yena kwizinto zehlabathi nayo yonke into, aze kwinto enye, uYesu Kristu.

⁵³ Kodwa baxwaxwa lonto. Ndizamile ukubaxelela, “Leyo asiyonto yakusisindisa isizwe sethu. Elo liqhinga nje lezepolitiko. Iyi—iyinto eyimvelaphi yobukomanisi.” Ndingcinga uMartin Luther King uzakubakhokelela abantu bakhe kuxhelo olukhulu, nokubulawa ngesininzi, abangazange babekulo. Kwaye bona... Uyabona, lonto ayizukutsala ihlabathi ilidibanise. Lonto ayizukusisindisa. Sibanika ukuhlangana.

Ngoku kubi kakhulu kunoku kwakunjalo. Yabona, lonto asi...oko asingumbuzo. Kukho kuphela into enokwenza: leyo nguThixo. Kwaye ngokuqinisekileyo abaYifuni.

⁵⁴ BabengaMfuni ngoko. Babephalala, kwaye ezopolitiko zabo zaziphasalaka, isizwe sabo sasisaphuka, icawa yabo yayiqhekeka, kwaye bakhalela uMesiya. BabeMfuna. “Owu, sithumele uMesiya.” Kodwa xa esiza yena...

⁵⁵ UThixo wabanika...wanika impendulo kumthandazo wakho. Ucelile, kwaye uyakwamkela. Kwaye leyo yi... Ndingama apha okweeyure, kwindoda nomfazi, nkqu amaKristu, ethandazela into ethile; aze uThixo anike impendulo baze bangayiqondi.

⁵⁶ Kwaye ngoku, uThixo wabanika impendulo. Bafuna uMesiya. Babesazi ukuba babenooCeasar, kwaye babe—babenooDavide, babe nooSolomon (indoda esisilumko), babe nooDavide (igorha elikhulu), babe—babe neentlobo zonke, kodwa babesazi babefanele bafumane uncedo olusuka eZulwini kwaye ba...UThixo wayebathembisile ngoMesiya. Kwaye Wabathumela laa Mesiya, impendulo kumthandazo wabo, kodwa babengamfuni Yena.

⁵⁷ Ndiyamangala, namhlanje, ukuba imithandazo yethu...Uyabeva besithi, “Thandazela imvuselelo enkulu. Thandazela *oku*. Thandazela ukugqobhozela. Thandazela umanyano.”Ndiyamangala, ukuba uThixo angathumela enjeya inkqubo, ukuba siyakuyamkela na. Ndiyamangaliswa nje ukuba siyakuyamkela into Ayithumele kuthi. Uyabona, Yena...Isizathu sokuba sithandazele ezi zinto, ngokuba siyazi ziyafuneka. Kodwa xa uThixo ezithumela ngendlela Afuna ngayo, ngoko azikho ngokokungcamla kwethu, ngoko ke asisayi kuyamkela. Kwaye yindlela eyayiyiyo ngalaa mhla. Ukuba Wayengekho kwincasa yokholo lwabo neyabo...Aba—abasayi kumamkela yena kwakhona, namhlanje. Eso sisizathu babuza lombuzo, “Ngubani lo? Ngubani lomfo uzayo?” Yabona, yayi li—lixesha elikhulu kakhulu. Owu, wonke ubani waye... exhalabile. Into ethile yayilungiselela ukwenzeka.

⁵⁸ Kwaye jonga ehlabathini namhlanje, yintoni inkxalabo eliphila kuyo ihlabathi. Uyehla ngestrato...Aku—akukhuselekanga nkqu ukuqhuba. Akukhuselekanga ukuba kwimigca emine kwindlela ephakamileyo. Wonke ubani uxhalabile, ukwaphukaneka kunye...Yintoni ingxaki? Zola. UYaphi? Yilonto eyenza amaziko endimango agcwale. Yilonto efake ibandla kwimbudumbudu. Ba—bayantlitheka kwizinto ezithile. Abasayi kuma babhekisele kwiLizwi likaThixo, neyure esiphila kuyo; bonke phantsi kocinezelelo, uxinzelelo.

⁵⁹ Kwaye ngoku, siyazi, siyaqonda. Umhlaba usandula ukuba kwiintlungu zokuzala. Kwaye ibandla likwiintlungu zokuzala. Kufanele lingene kwintlungu zokuzala phambi kokuba linike...

Ngamnye kubaprofeti, xa besiza ehlabathini, yayiyintlungu yokuzala ebandleni. Ihlabathi lingene kwiMfazwe Yehlabathi Yokuqala, Imfazwe Yehlabathi Yesibini, kwaye ngoku lilungele Imfazwe Yehlabathi Yesithathu. Kwaye likwintlungu zokuzala kwakhona. Kodwa kukho kuphela into enokuzisa uxolo, kwaye lowo nguKristu.

⁶⁰ Onke amaqhinga ethu, neembono zethu, zethu, nezakhiwo zethu zobucawa, nazo zonke iipolitiki zethu, nabo bonke ubunzululwazi bethu nento yonke. Ibonakaliswe ukuba bubuvuvu. Kwaye ngoko siyathandaza ukuba uThixo—a— asincede, angenelele, “Yiza usenzele into.” Kwaye ngoko xa Ekwenzela, andazi nokuba siyakukwazi ukuyiqonda Lonto; ukuba siyakukwazi ukuyamkela Lonto; okanye kwa ukuyiqgala Yona?

⁶¹ Ngoku oko yilonto yenziwayo emva kuyo imihla. Babethandaza, babenazo zonke iintlobo zenkokheli ezinkulu, babephantsi korhulumente, babephantsi kobukumkani, babephantsi kwento yonke, abagwebi. Kodwa babesazi ukuba kukho kuphela into enye enokubasindisa, oko yayikukuza kukaMesiya. Kwaye uMesiya uthetha “othanjisiweyo.” Umntu owayethanjisiwe. Ngoko umntu, ethanjiswe ngeLizwi. ILizwi lenziwa inyama phakathi kwethu. Kwaye xa Wezayo, Wa—Wayengekho nje ngokwencasa ababefuna abeyiyo Yena; hayi incasa ababe...okokuba Aze. Ke ngoko keba—ba—balila, “Ngubani lo mfo? Imalunga nantoni yonke le ngxokozelo?” Ingquba lamahlwempu ezantsi phaya esangweni, lisaphula amasundu kunye...

⁶² Kwaye wathi, “Kutheni, benze bathule. Basenza sibe phakuphaku, indlela abangxola ngayo, kwaye bexokozela, beqhubeka.”

⁶³ Wathi, “Ukuba bayathula, amatye ayakunkqangaza ngoko nangoko.”

⁶⁴ Owu, ixesha lalisombuluka! Isiprofeto sasizaliseka. Akumangalisi! “Ingonyama iyagquma, ngubani na ongasayi koyika? Kwaye uThixo uthethile. Ngubani ongasayi kuprofeta?”

⁶⁵ “Hayi, ukuba nje Wayengekho kwincasa yethu... Ukuba Wayengekho nje ngendlela esasiMfuna ngayo, indlela esasicinga ukuba Uzakuza ngayo, besingasayi kumamkela Yena.” Ngoko, yayiziimvumo-nkolo zabo ezababhekiselela kude kwiLizwi elibhaliweyo. Babekude kakhulu, basilela ukumgqala Yena Lowo ababethandaza ukuba eze. Iicawa zabo zambhekiselisa kude kakhulu, de eyona nto ababeyithandazela, yayikunye kanye nabo, kwaye yayingekho kwincasa yabo, kwaye ke ba—ba—babenganako ukuyikholelwa Yona. Bafanela bemke kuYo. Bayikhupha Yona. Ba...Kukho kuphela onokuyenza xa uhlangana noKristu. Kukumamkela Yena okanye umale Yena. Akukwazi umke umbaxa. Akunakuyenza lonto. A— asikokwakho ukuyenza lonto. Ingolohlobo nje.

⁶⁶ Qaphela nje, bambalwa kangakanani abaMgqalayo ukuba liLizwi eliThanjisiweyo, lawo laa mhla. Yabona, uThixo ekuqaleni, ekubeni engenasiphelo, kwaye esazi zonke izinto ukusuka ekuqaleni. . . Kwaye into ekuphela kwayo ezi zinto ziyiyo kukubonakalisa iimpawo Zakhe. Uphawu. . . Uluphawu. Yingcinga yakho. *Ucinga* ngento, emva koko uyayithetha, emva koko uyayithatha. Lowo nguThixo. Yena, ekuqaleni. . . Ukuba uyi. . . Ukuba wawukhona okanye uyakuze ube seZulwini, wawuseZulwini into yokuqala. Uyinxalenye kaThixo. Wawuzingcinga Zakhe. Walazi igama lakho. Wazi ukuba wawuyintoni phambi kokuba kubekho i—i—imolekhuli, phambi kokubakho kokukhanya. Phambi kokuba kubekho nantoni, Wakwazi negama lakho. Walibeka kwiNcwadi yoBomi yeMvana, phambi kokuba lakhe labunjwa ihlabathi. Yabona, wawuyingcinga Yakhe. Kwaye i. . . Emva koko waba liLizwi. Kwaye ilizwi yi—yingcinga ivakalisiwe. Emva koko uyabonakaliswa.

⁶⁷ Leyo yindlela Awayeyiyo. Wayeziphilela kwasekuqaleni. UThixo wahlala yedwa neengcinga Zakhe. Akasokuze akwenze oko kwakhona kuba iingcinga Zakhe zenziwa zabonakala. Kwaye seso sizathu silapha kanye, ngale mini. . . nguThixo endlelana neengcinga Zakhe, zenziwe zabonakala. Yabona? Nantso ke. Ke, wena, ngokuthatha iingcinga, akunokwangeza nomlinganiselo omnye kubume bakho. Akunakwenza *oku*, *okuya*, okanye *okunye*. NguThixo obonakalisa inceba. NguThixo. “Bonke athe uBawo wandinika bona Mna bayakuza kuM, kwaye akukho mntu onokuza ngaphandle uBawo Wam amtsale.” Igqityiwe.

⁶⁸ Ngoku, qwalasela nje, bambalwa kangakanani kubo ngomhla Wakhe, kwizigidi phezu komhlaba, abangazange bamazi ekubeni Ulapha. Cinga nje, kwakukho amashumi. . . izigidi zabantu abangazange bazi nto malunga nayo. Kwaye cinga, kwaSirayeli ngelo xesha, kwakukho amabini nesiqingatha sezigidi sabantu ePalestina, kaSirayeli, kwaye hayi nesinye sekhulu sabo wakhe wazi gayo. Akumangalisi Wathi, “Limxinwa isango kwaye icuthene nendlela, kodwa kodwa bambalwa abayakulifumana.” Cinga nje baninzi kangakanani abagamgqalanga Yena! Abazanga ukuba Wayekuko Oko. Kwaye bona ngokujikelezileyo apho Wayekho; yeyona nto ilusizi.

⁶⁹ Abo bahamba kunye naYe, bambona Yena ezitratweni, nanjalo njalo. . . zange ba—bamgqala ukuba WayenguBani, ngokuba uSathana wabona ukuba Wayene—wayenelona gama limdaka elalinokunikwa umntu. Wayebizwa lihlabathi (Ihlabathi lenyama). . . Wa—Wayebizwa ngomntwana ongumgqakhwe (ngokuba wathi “umama, Wayezakuba ngunina ngaye, ngoYosefu, phambi kokutshatela kuye”). Ke wamnika Yena igama lobugqakhwe.

⁷⁰ Kwaye kwakhona, i—icawa yambona yena emandleni Akhe amakhulu okubonakaliswa. Ebonakalisa ntoni? Engabonakalisi mvumo-nkolo! Wayebonakalisa iLizwi! WayeleLithanji siwe iLizwi, Ngokwakhe. Kwaye xa babona oko kusenzeka (ukubonakaliswa, uMesiya Othanjisiweyo), bayala Lonto. Abazange bayifune Yona. Yayingekho kwincasa yabo. Yindawo elusizi leyo. Bangaphi. . . ? Cinga nje ngayo! Nje ngakweminye imihla.

⁷¹ Yabona, ngamnye wayenotoliko lwakhe lweLizwi. Yilonto. . . isizathu uSirayeli angazange amgqale uMoses. Seso sizathu ihlabathi lingazange limgqale uNowa. Seso sizathu bonke abaprofeti babengaqondwa. Babenotoliko lwabo lweLizwi. Kodwa uThixo, kuso sonke isigaba, waba naye uMesiya Wakhe. Yabona? Ukwala uMyalezo kaNowa, yayikukwala uThixo. Ukwala uNowa, yayikukutshabalala. Ukwala uMoses, yayikukutshabalala. Yayi. . . BabengooMesiya Abathanjisiweyo besa sigaba, iLizwi elalithenjisiwe lesi sigaba. Kwaye xa uYesu weza, waye kukugcwala kweLizwi.

⁷² UThixo, Ngokwakhe, enziwe waba sisiqo somntu, ngamathambo nenyama; Othanjisiweyo Yena. Kwaye babengamelwe kukubona oko. Kodwa uyabona, icawa yabo—yabo yehlabathi yayongezile apha kakhulu kwaye yasusa apha kunye—kunye nanjalo nanjalo, kude kube yimbutyulelo de ba—bathembele ecaweni yabo endaweni ye—yeLizwi. Kwaye xa babona icawa yabo ithanjisiwe, ngoko bacinga into enkulu yayisenzeka. Kodwa xa babona i—iLizwi lithanjisiwe, ngoko bathi, “Oko lubaxo. Le ndoda ngumtyholi, uBhelezabhule.” Ngoba yayichasene kakhulu kwicawa yabo. . . invumo-nkolo yecawa yabo noko babekwenzile. Kwaye yayingaloo ndlela kuko konke ukuza komprofeti, icawa iyakuba yimbutyulelo kakhulu.

⁷³ UThixo wathumela imithetho Yakhe waza wabanika umnqophiso. Baza ababingeleli beza bawususa, baza bongeza, baza batha khona apha, benza invumo-nkolo kuwo. Kwaza emva koko, uThixo wavusa esithubeni, ethile ethanjisiweyo indoda eyavuswa emandleni kaMoya. Kwaye yabasoloko ithiyiwe ngababingeleli, ngookumkani. Kwaye—kwaye apho abaprofeti bobuxoki benxibe iimpahla zaba ezithambileyo, bahambe ngokuthobekileyo, nangokuthamba phakathi kookumkani nababingeleli, kumagama amakhulu kunye—kunye nezinto. Ngoko owenene, owenyaniso umprofeti, weza esuka esithubeni, namnye wabemibutho yabo.

⁷⁴ Kuphi—kuphi apho naphina eBhayibhileni, apho uThixo wakha wathatha umbingeleli aze enze umprofeti ngaye? Kuphi apho uThixo wakha wathatha ubucawa bezakwalizwi (indoda eqeqeshiweyo, indoda yezakwalizwi eqeqeshiweyo) aze enze umprofeti ngayo? Zange embalini neyaphina, Awakhe wayenza lonto, nakwesiphi isigaba. . . awakhe Wayenza lonto. Kufanele amke kulankqubo, ayinyuse. Kwaye yilonto Wayenzayo apha.

⁷⁵ UYesu, xa Wayezalwa eBhetelehem yakwaYuda, kusapho oluhluphekileyo, kwaye Engenamvelaphi abanokuyazi, nje olunye lohlanga la—lakwaYuda, kwaye nonina Wakhe noyise babengowomnombo kaDavide; kwaye bafanele banyuke baye kurhafiswa. Kwaye apha Wayekho, nje umfo omncinci, ekhona. . . engenzi nto kuphela ekrazula iicawa. Bamthiya Yena. Kwaye babengenakutsho ukuba laa mfo wenza imimangaliso. UPetros wavakalisa ukuba ngoMhla wePentekoste, wathi, “uYesu, waseNazarete, iNdoda engqinelweyo nguThixo phakathi kwethu, ukuthi uThixo wayeNaye.” Kwaye hayi ukongeza eLizwi Lakhe okanye nantoni na; ukulenza licace ngakumbi: “Waye enguThixo enziwe inyama nathi. UThixo enathi.”

⁷⁶ Kwaye ukutsho ngobunye ubusuku, ukuba uMoses, emile phaya kunye nesandla sakhe esifubeni, wa. . .lowo yayinguThixo kuMoses. Wa. . .(ebambe imfihlelo entliziyweni yakhe), waza wasolula sineqhenkqe. Emva koko wasifaka ngaphakathi esifubeni sakhe wasiphilisa, waza wasolulela kuthi kwakhona xa Wathumela uMoya oyiNgcwele; owawunguThixo, kwakhona, ekwenye nje imo ngoMhla wePentekoste. Kwaye siwalile Wona. Asiyifuni Lonto. Leyo yindlela abenza ngayo. Leyo yindlela esithe mhlawumbi siyenze namhlanje.

⁷⁷ Siyabona, wonke umntu unotoliko lwakhe. Yilonto ibhdisayo. Kodwa uyazi, iBhayibhile itshilo, ukuba, “Eli Lizwi alilokuzitolikela.” Alifuni toliko lobuRhabe baLo. Alidingi toliko lobuBhaptizi. Lingadingi natoliko labakwaMoya. UThixo Ungozitolikelayo. Wathi Uyakuyenza, ke Uyayenza, kwaye igqityiwe. Ke yilonto babona iLizwi lesithembiso lithanjisiwe baza emva koko a—abalamkela Lona, uyabona, ngokuba Lalichasene kwezabo—kwezabo iimvumo-nkolo.

⁷⁸ Uyakujongeka njani (Lowo Uthanjisiweyo) uMesiya, kwaye yintoni Ayakuyenza; yayikude ekuqondeni kwabo. Kwaye ngoko xa yafundwayo kubo iphuma eZibhalweni, oko Wakwenzayo, futhi babengamqondi Yena. Kuba xa la madoda azizazi ehla, esuka phezulu eBhabheli, ngahlobo luthile babengumtlampuma ukusuka eYerusalem, bajonga ezantsi babona laa Nkwenkwezi ikhokelela kwicala lasentshona. Bayilandela Yona iminyaka emibini, besihla benqumla uMlambo iTigris, kwaye ngazo iintlambo neShinar, besihla, beza kwintloko sixeko yazo zonke iinkolo. Eyona nkolo inkulu ehlabathini, etempileni, eYerusalem. Kwaye ukunyuka nokuhla ngezitrato besithi, “Uphi na Yena? Uphi na Yena ozelweyo uKumkani wamaYuda?” Kutheni, akukho bani wazi nto malunga nayo. Yayingaqhelekanga.

⁷⁹ Yazamazamisa kwiSanhedrin. . .babiza izifundiswa bathi, “Fundani eZibhalweni apho uMesiya. . .”

⁸⁰ Kwaye bahamba bathabatha—iZibhalo bafunda kuMicah bathi, “Okuphuma...kwaYuda...Bhetelehem yelakwaYuda, akunguye nomncikana phakathi kwezikumkani? Kodwa kuwe kophuma lo mlawuli.”

Yabona, endaweni yokuphanda, bayilahla, “Kuhle, yimfumba yokubaxwa.” Yabona? Yilonto abelusi bathatha uMyalezo. Yabona, abakwenzi... Banolwabo utoliko, ngoko ke, ba—baphosa eyona nto iyinyaniso.

⁸¹ Kodwa okoko, xa Esiza, Uza kanye nkqo ngendlela iLizwi elithe Uyakuza. Uza esixekweni nje kanye, kumxholo wethu ngale ntsasa, ngendlela iLizwi elithe Uyakuza. Kwaye bathi, “Ngubani?” Uyabona endikuthethayo? Babefanele Bazile wayeNgubani. Kwaye apha...hayi ehlabathini ngaphandle, kodwa kwihlabathi lecawa lathi, “Ngubani? Ngubani lo?” Xa, apho, iZibhalo zitsho ngokucacileyo ukuba leyo yindlela kanye Ayakuza ngayo. Kwaye bathi, “Ngubani? Ngubani lo mfo? Yeyani yonke le ngxokozelo? Yekani ukwenza yonke le ngxolo, isenza siphakuzele.” Uh-huh. Yabona? I... Yabona? Eyona nto ababeyithandazela yayilapho esandleni sabo, kwaye zange bayiqonde. Kwaye Uza kanye ngendlela iSibhalo esithe Uyakuza ngayo. Kwaye ukuba Uyayenza namhlanje, Uyakuza kanye ngendlela iSibhalo sithe Uyakuza. Wasoloko Esiza ngencasa yeLizwi likaThixo, hayi ngencasa yembono yezakwalizwi othile malunga nayo.

⁸² Kangangoko, ubusazi ukuba iLizwi likaThixo zange lize kowezakwalizwi? Fumana iSibhalo apho Lakhe layenza. ILizwi alizi kowezakwalizwi; hayi tu. Kodwa uyabona, ukuba iLizwi lenziwa labonakaliswa namhlanje, iLizwi lomhla wethu, Liyakuba kwincasa yeLizwi likaThixo. Hayi kwincasa yoluvo lomntu othile. UThixo uyakuthatha iLizwi Lakhe Athe walithembisa ngawo lo mhla, aze Alithambise, kwaye Liyakwenzeka. Kuko konke. Akukho ndlela yokuLigcina ukuba lingenzeki. Liyakuyenza nakanjani, akukhathaliseki nokuba icawa ithini nokuba abanye babo bakholelwa ntoni. Li... UThixo uyakuyenza nanjani. Kuyakubakho nje abambalwa kakhulu abayakuze bazi malunga nayo. Injalo lonto, abambalwa nje kakhulu. Yasoloko yaba ngaloo ndlela.

⁸³ Yabona, ngotoliko olulwabo, babengenakwenza nto ingenye kuba boyama koko icawa yabaxelela khona. Kodwa Uyakuza... Wasoloko Esiza ngoko...Wakwenza ngoko, noko, kwaye uyakwenza ngalo lonke ixesha Esiza, kunye nayo yonke into Ayenzayo, iyakuba kwincasa yeLizwi. Ke ngoko ke, asinakubeka ingqiniseko koko abantu abakutshoyo. Inye kuphela into onokubeka ingqiniseko yakho kuyo, kwaye leyo liLizwi. Kwaye iLizwi nguThixo. Kwaye iLizwi elithanjisiweyo lenze uMesiya; iLizwi elithanjisiweyo leyure. Injani ukubantle! Bayiphosa, iLizwi; elilungileyo...Babe...ILizwi lasoloko lilungile, kodwa utoliko lwabo Lwalo lwalungalunganga.

⁸⁴ Andazi nokuba lento inkulu, eliQumrhu likaZwelonke esinalo ehlabathini namhlanje, neQumrhu leeCawa zeHlabathi zibumbana zisenze sonke sibe banye... Andazi nokuba bayaqonda ukuba... Oko koko iSibhalo sikutshiloyo ngqo ukuba bayakuyenza. Kodwa bacinga ukuba yeyona nto imangalisayo ehlabathini, ukuba sonke sibambane izandla sibe banye. Bathi, “UYesu wathandaza ukuba sibe banye.” Yinyani leyo. Kodwa hayi ngolwa hlobo lobunye.

⁸⁵ Wathi, “Yibani banye njengoko naM ndimnye noBawo.” Ehe, yibani lolwahlobo lobunye. Ngoko iyakubanjani lonto? ILizwi kuthi liyakuba liLizwi elithanjisiwe. Obo bubunye bukaThixo. Yabona, ubunye bukaThixo liLizwi lithanjisiwe kuwe. Yabona? Uze emva koko ube ngunyana (umesiya) wesigaba.

⁸⁶ Ngoku siyafumana abantu bengendlela enye. Abantu abaguquki. Aba bantu babohlukene bengamaqela amathathu. Kwaye sijonga koko okwemizuzu embalwa ngoku. Ndiyazi ndizakuba semva kwexesha kancinci, ukuba kulungile oko kuni. Ndiyacotha kakhulu, ndi—ndi—ndi nje... andazi; ndi—ndiyangena ndize ndibhale iZibhalo phantsi, nemibhalo emincinci. Ndize emva koko ndi—ndingene phaya uze u—uMoya oyiNgcwele uzithathe, ndi ndi—ndi—ndi—ndi... ikhangeleke nje ingenasiphelo. Iyaqhubeka nje. Kodwa, ngoku, kumxholo wethu.

⁸⁷ Babehlukene, phaya, kumaqela amathathu, kunye neembono ezintathu ezahlukeneyo. Abanye babo baMkholelwa. Abanye babo baMthiya. Kwaye abanye babo abazange bazi ukuba benze ntoni.

⁸⁸ Yabona? Leyo—leyo yindlela nje esiyifumanayo. Ndishumayele, ndiyakholwa kweli bandla, ngaxesha lithile: *Amakholwa, Amakholwa-okuzenzisa, kunye Nabangakholwayo*. Wona ekumaqela amathathu, ni—ninayo lonto kwindawo yonke. Esi sisithathu eqeleni, ngokunjalo; kubonakala lemeko yabantu yasoloko injalo. Singabuyela emva kakhulu sibonakalise, leyo yimeko yabantu okoko. Babasoloko bekwelahlobo lemeko.

⁸⁹ Ngoko ekubeni oko kwasoloko kungalaa ndlela, kusenza sithambele ekukholelweni ukuba uThixo ubenze abantu mababe ngalaa ndlela. Kutheni, Úyakwenza utshaba Lwakhe liMdumise. Yonke into... UPawulos, ebhala, kwabaseRoma, isahluko sesi-8, wathi, “Owu, siyatha somntu. Linganakho—linganakho na udongwe ukuthi kumbumbi, kutheni undenze mna... mna njalo? Akanamandla na okwenza esinye isitya sibe sesozuko nesinye sibe sesingento?” Kungathini ukuba akenzanga busuku? Ubungasokuze uncome ukukhanyisa kwelanga. Ukuba ibukukukhanyisa kwelanga okokoko, ubungenakwazi indlela yokubuncoma. Bekungathini ukuba bekungekho kugula? Ubunganakwazi indlela yokuncoma impilo entle. Bekungathini bekungekho bantu bangcolileyo? Kungekho

bafazi bangcolileyo? Umfazi olungileyo ebengayi kuhlonitshwa. Yabona? Bebenzasayi. . . Uzuko belungayi kuba lolwakhe, kuba kuko konke ngalaa ndlela, yinto nje efanayo. Kodwa ngumthetho wokungangqinelani.

⁹⁰ UThixo uyenze ngolwahlobo: omnye abe ngongenaluzuko, ukubonisa onozuko; omnye abe ngongalunganga kakhulu, iyabonisa. . . Ukuba ibengenjalo, ibiya kuba yinto elungileyo. UKuba benkungekho. . . Akunakubakho idola yomgunyathi kude kubekho idola yenene. Kwaye umgunyathi ngu. . . Ukuba nje ibiyenziwa umgunyathi into yokuqala, ngoko ibiya kuba yenene. Kodwa ngu—ngumfanekiso wayo. Akunakubakho i. . . Akunakubakho isono kude kubekho ubulungisa. Ngokuba ubulungisa yi—yinto elungileyo, kwaye isono lugqwetho lobulungisa. Ngamanye amagama, inyaniso yinyaniso. Ubuxoki abunakuba bubuxoki kude kubekho inyaniso kuqala; ukugqwetha laa nyaniso ibe bubuxoki. Ke sonke isono asinto kuphela bubulungisa bugqwethiwe. Ngoko ke, kukho inkqubo ehlabathini.

⁹¹ Inkqubo ezimbini; kwaye enye yazo yinkqubo *elungileyo*, ize enye ibe yinkqubo *egqwethekileyo*. Kwaye enye yazo liLizwi likaThixo, ntoleyo ilungileyo; kwaye lonke ilizwi lomntu bubuxoki. Kwaye lenkqubo yobuhlelo esinayo namhlanje, eyenza iQumrhu leeCawa zeHlabathi lenze uphawo lwerhamncwa ukuba zihlangane, yinto engalunganga. Kwaye umntu baya kuyo ngobumfama.

⁹² UThixo wabeka into emhlabeni ukwenzela bona bahlangulewe ngayo. Kodwa bacinga ukuba yimfumba yobaxo. Abayifuni. Bayikhuphile. Bacinga bafanele benze into ethile malunga nayo. Bafanele benze eyabo inkqubo. UThixo sele enenkqubo apha, iLizwi Lakhe. Kodwa asikufuni Oko. Ke sizifumana namhlanje, nje ngohlobo ababelulo ngoko.

⁹³ Kwaye ngoku, ekubeni abantu benziwe ukuba ngalaa ndlela. . . Qaphela, uthi. . . ndi—ndiyayazi ndithatha ixesha elide, kodwa andifuni kuqhubukeka ndibukele okuya ngoba kundenza phakuphaku. Yabona?

⁹⁴ Iipolitiki; ngoku sithatha nje. . . Masithathe nje umzekelo. . . ukubona ukuba abantu benziwe babaludidi oluthathu—oluthathu. Masithathe iipolitiki. Kukho elinye elibomvu ubushshu ngomntu. Kwaye elinye iqela limthiyile. Kwaye elinye iqela alazi elimakwenze malunga naye; abazi yeyiphi, kwaye ibalahlala ekubhidekeni.

⁹⁵ *Le* ndoda yathi, “Owu, yindoda ebalulekiyo. U—yakuba nguMongameli ongcono.”

Omnye wathi, “Akayonto kuphela umgcatshi.”

⁹⁶ Emva koko *osesidikidikini* wathi, “Ngoku andazi emandikwenze.” Yabona? Yabona, sinziwe ngalaa ndlela. Senziwe saba ngalaa ndlela. Leyo yindlela abantu abayiyo.

Kufanele ibe ngalaa ndlela ukuzalisekisa ubutyebi obukhulu bukaThixo. Kunye nokwenza impumelelo Yakhe leyo azakuyiphumelela phezu komhlaba, umntu kufanele enziwe ngolwa hlobo. Omnye *ulungile*. Omye *akalunganga*. Kwaye omnye *osesidikidikini* phakathi kwabo. Yasoloko ingaloo ndela.

⁹⁷ Qwalasela, benza lonto lonke ixesha oko bangakwaziyo. . . Umntu osesidikidikini, yindawo embi ngokuba: omnye angabonisa into, kutheni ecinga ukuba ulungile; omnye angabonisa indlela acinga ukuba akalunganga; kwaye lowo usesidikidikini akazi nto malunga nento, akazi icala amajike ngalo. Kwaye yiloo ndlela nje kuyiyo kwinkolo. Abantu benza into enye namhlanje malunga nesiphelo saNaphakade.

⁹⁸ Ngoku sizakuvisa kabuhlungu, nje umzuzu. Bayayenza malunga nesiphelo sabo saNaphakade. Umntu uyakuhlela apha kwesi—kwesi. . . ukuya kutya. Kwaye ukuba ufumana isigcawu esityeni sakho sesuphu, uyakufuna ukumangalela la nkampani okanye ivenkile yokutyela. Kutheni, akuyi kuyitya lasuphu, iyakutyhefeka. A—a—a—akuyi kuyithatha konke konke, elikhulu iphela okanye into ethile ibilisiwe esityeni sesuphu. Kutheni, ubungasoze uyithatha konke konke. Ibiyakugulisa ukucinga malunga nayo. Kodwa noko, uyakuvumela igquba labezakwalizwi linyhale into liyihlise ngomqala wakho eyakususa ngokwezigidi zeemayile kuThixo, uze ubimbilize kuyo. Xa, “Umntu uyakuphila ngalo lonke iLizwi eliphuma emlonyeni kaThixo.” Lityathanga umphefumlo wakho oxhonywe ngalo kuwo phezu kwesihogo. Kwaye njengoko ndatshoyo ngaphambili, “Ityathanga lingcono apho libuthathaka khona.” Indawo yokudibana lokulaphula. . . kuphela ofanele ukwenze kukwaphula enye yazo; kuphela kwento. Ezinye zazo ziyaphasalaka nalo. Lomelele kuphela ekudibaneni kobuthathaka.

⁹⁹ Ngoku. . . Kwaye umntu owaziyo ukuba xa uthe watya isuphu enetyhefu yesigcawu kuyo, mhlawumbi ingakugulisa. Kufanele uye esibhedlela, kwaye—kwaye uhlukuhlwe isisu kunye nengxaki eninzi yokuba kuyo. Kwaye ingakubulala ngenene. Kodwa, bethu! Uyakuba. . . Kutheni, awuyi kujikela kwindawo elolahlobo. Akusayi kufuna ukusondela kusango lwayo kwakhona, ngokuba u—u—niyoyika niyakufumana ityhefu nize nife. Kwaye emva koko niyakuzixokomezela ngenene, nibeke amagama enu ezincwadini, nize nilwelwe eyona njongo yento ethe iBhayibhile yayitsho, “Ayigwebi umzimba wakho, kodwa ithumela umphefumlo wakho esihogweni.” Yabona? Akuqhelekanga kangakanani abakwenzayo abantu. Ba—baye. . . Bathathe isiphelo sabo saNaphakade, bayibeka phezu kwesimiselo sakwalizwi. Kwaye unokubazisela iSibhalo, sithi, “Leyo yinto iBhayibhile ekutshiloyo. Apha kulapho ikhoyo.”

¹⁰⁰ Kwaye owezakwalizwi ujonga kuYo, “Kulungile, yayiyeyomnye umhla.” Yabona? Kwaye niphulaphula kuye. Niyabona oko uThixo akutshiloyo. Owenene, wenyaniso umKristu uphulaphula kuphela kwela Lizwi, kwaye kuko konke. Indoda kaThixo iphila ngesa Sonka.

¹⁰¹ Qwalasela, abanye—abanye bakholelwa eLizwini. Ngelixa kukho abanye abakholelwa kutoliko lwamahlelo abo. Kwaye kukho abanye, ngale mbindakalo, abangaziyo amabakukholelwe.

¹⁰² Ngoku *abanye* babo, “Owu, eliQumrhu leeCawa zeHlabathi, leyo izakuba yinto. Izakusenza sonke sibe banye. Owu, yilonto nje.”

¹⁰³ Kwaye *abanye* bathi, “Kutheni, iyekamtyholi! Nantsi apha eSibhalweni.”

¹⁰⁴ Ngoko *indoda* engathathi ixesha lokuhlala phantsi ithandaze kwaye iphande, wathi, “owu, libala ngayo.” Uh-huh. Libala ngayo? Yeyakho . . . ngethetho yakho, mzalwana, ngendawo yakho, ngemiqathango oyithatha ngayo, iyakuthumela kwisiphelo sakho saNaphakade apho uyakubakhona naphakade. Sukuyenza lonto.

¹⁰⁵ Kusifanele thina sihlale phantsi xa yonke into enje ngale inyuka. Kwaye umbuzo, njengakwimihla kaYesu; xa bezayo, icawa yathi, “Owu, ungumcatshi nje. Akukho nto kuYe.”

¹⁰⁶ Kodwa Omnye wathi, “Phengululani iZibhalo.” Wathi, “Kuzo niba ninoBomi obunguNaphakade, zibe Zona zinixelela ukuba Ndingubani Mna.”

¹⁰⁷ Ngoko amadoda, abafazi, nalo lonke iwonga lobuKristu konke konke, okanye abanomdla kwisiphelo sabo saNaphakade, bafanele baphengulule iZibhalo baze babone waye eNgubani Yena. Ngoko umbuzo ubungayi kuba, “Ngubani lo?” Bebeya kuthi, “Nanku apha!” Lowo ngumahluko. Yabona, ngumutu, ba—ba—bathambekele nje ukuba ngala ndlela. Abanye bayigcotyelwe kuyo. Kunzima ukuyitsho, kodwa yinyani. Iyayibonisa. Yabona?

¹⁰⁸ Ngoku, namhlanje, *abanye* bathi, “Ndiyalikholwa iLizwi. ILizwi yiNyaniso; lonke iLizwi lwaLo.”

¹⁰⁹ *Abanye* bathi, “Aha, umalusi wethu uhambe waya kufuna olwa hlobo lwe . . . Bayazi emabakutsho malunga noKuya.”

¹¹⁰ *Abanye* bathi, “Kuhle, andazi. Ndzixokomezele *koku*. Andikhangе ndiyithande. Ndiye ngaphaya ndazixomezela kule. A—andazi emandibengowayo.” Yabona? Leyo yindlela kanye ekwakuko ngoko, uhlobo olunye lwesihlwele. Kuhle kwasoloko kuyila ndlela, ukusukela ekuqalekeni, kwaye iyakusoloko injalo.

¹¹¹ Ngoku masigqale iNyaniso yeBhayibhile kule meko, size sibone ukuba Yona ilungile; nje okwemizuzu embalwa

ngoku... U-Adam... Ekuqalekeni yaqalisa ngolu hlobo, indlela esiyifumene ngayo kanye namhlanje, ayiguqukanga nakancinci. U-Adam waye “elikhholwa.” USathana waye “engelokholwa”; wayengalikhholwa iLizwi. Ke wafumana u-Eva, owaye “ngaqinisekanga” nokuba Lalilungile okanye hayi. Yabona? USathana, ongakholwayo... UThixo wathi, “Ngemini owothi udle phaya, ngaloo mini uyakufa.”

¹¹² USathana wathi, “Lonto ayilunganga.” Yabona, kwaye zange akholwe Lilo. U-Adam waLikhholwa. Ke wasebenza ngalowo wayesisidikidikini. Abanakho nje ukuxela... wayenganakho ukuxela nje.

¹¹³ Ngoku, qwalasela, umfazi apha umele ibandla lehlelo langomso elibizwa umtshakazi. Konke kunyukela kwiGenesis. Yimbewu. Uqala kwiGenesis; Uyakufumana umfanekiso wakho ngqo. Yabona? Ngoku, apha, wamela ibandla lwalo mhla ngokuba abanye bathi (ngoku sithatha iRhabe, namaLutere, nabo bonke babo besiza, le ndoda ingusomashishini nanjalo njalo), “Singathanda ukubanayo... Sifuna ubhaptizo loMoya oyiNgcwele. Si—singathanda ukulifumana Lona.”

¹¹⁴ Uyaqonda umhla esinokuba sikuwo? Yabona? Kungenzeka ukuba zange bawufumane Wona. Ubusazi ukuba uYesu wathi, “Xa bona, intombi eleleleyo...?”

¹¹⁵ Ngoku, khumbula, intombi eleleleyo iza kubiza amafutha. Yonke yayitywinelwe ngaphandle. Zange iwufumane Wona. Zange yawufumana Wona. Uyaqonda ukuba emva kokuba uMtshakazi uqgibile wemka, waxhwilwela eZulwini, iicawa ziyakube zisa qhubeka, abantu becinga bayasindiswa nayo yonke into nje ngohlobo abasoloko besenza ngayo. Beqhubeka njengoko kwakunjalo ngemihla kaNowa. Baqhubekela phambili besitya, besela, nayo yonke into nje ngohlobo abasoloko besenza. Zange bayazi, kodwa isango lwalvalwa. Kwaye isenokuba njalo, zihlobo, okokuba isango lingavalwa nangaliphi ixesha. Mhlawumbi sekunjalo, konke nje endikwaziyo. Asazi.

¹¹⁶ Kuyabakho nje abambalwa babo abayakungena. Siyakwazi oko “Njengoko kwakunjalo ngemihla kaNowa (kwasindiswa imiphefumlo esibhozo), ke kuyakubanjalo ekuzeni koNyana womntu.” Kuyakusindiswa imiphefumlo embalwa. Andithi esibhozo. Mhlawumbi amakhulu asibhozo okanye... A— andazi mingaphi. Amawaka asibhozo... A— andazi. Izigidi ezisibhozo... A... A...

¹¹⁷ Kodwa uyabona, uMtshakazi awuzukwenziwa nje koko iqela elincinci apha emhlabeni ngoku. Xa ilixa lesixhenxe, xa Esiza, zonke ezo ntombi ziyakuvuka zilungise izibane zazo. Yonke indlela ukubuya umva, wonke ubani owathi wakholelwa iLizwi elithanjisiwe ukhula ngaso isigaba, uyakuza. Njengepyramid (icala elingezantsi), lize lize... Kodwa Intloko-litye kufanele ichole yonke into iyinyuse iyenze i—ipyramid.

Yabona, iyihlanganise. Ngoku, uMtshakazi uyakwenziwa ngazo zonke kwezo zigaba, ezakholwayo zaza zamamkela uKristu njengoMsindisi wazo.

¹¹⁸ Ngoku, u-Eva wayengaqinisekanga. U-Adam wamxelela, wathi, “Ngoku, uThixo uthe, Sthandwa, ukuba, ‘Ngomhla othe wadla kuwo, ngaloo mhla uyakufa.’”

¹¹⁹ Kodwa bathi...U-Sathana wathi, “Ngokuqinisekileyo oko akunakuba kulungile. Ungacinga u—uYise angaphatha abantwana Bakhe...Nje ukonwabisa okuncinci, into enjalo. Ngokuqinisekileyo Ayinjalo.” Yabona?

¹²⁰ Kwaye yintoni ekugqibeleni awajikela kuyo? Wajikela ku “ngokuqinisekileyo.” Kwaye leyo koko kanye ibandla elikwenzayo namhlanje, gqo. “Owu, *ngokuqinisekileyo*... Silibandla elikhulu. Singabantu abakhulu. Kudala sikhona... Yonke lento abayibiza ubaxo khona pha, le—lento abayibiza ubhaptizo lukaMoya oyiNgcwele nayo yonke, obo bubuvuvu! Yabona, obo...Akukho nto inje ngaleyo. Aha, *ngokuqinisekileyo*...ndibhatala izishumi. Ndiya ecaweni. Umama uye e... *Ngokuqinisekileyo* uThixo...” Kodwa, uThixo uyitsho ngokwahlukileyo, kwaye leyo yindlela eyakuba yiyo, nje kwincasa yeLizwi Lakhe. Watsho oko ibandla lesigaba saseLawodike liyakuba kuko. Ndinecwadi ekhethekileyo ezakuphuma, kuyo, kwamsinyane, iNkosi ithandile, yabona, eyale Lawodike, ukubonisa ukuba sekuphelile, okokuba seletyinelwe phaya, kwaye uKristu ungaphandle. Zange athi Uyabuyela kwakhona, niyazi. Ke siyafumana namhlanje, ukubeka iLizwi ngaphandle, njengoko yabasoloko injalo.

¹²¹ Ngoku, qwalasela, uMoses, iLizwi elithanjisiweyo...okanye nakanjani esiyibiza ngayo...Ndiyathemba niyakuqonda, xa ndisitho ukuba wayenguMesiya. WayeliLizwi elithanjisiweyo elalithenjisiwe lwaloo mhla. UMoses wayelilo! Niyayikholwa lonto? Ngokuqinisekileyo, igama—igama uMesiya lithetha “othanjisiweyo.” Yabona? Ngoku, uNowa wayengothanjisiweyo womhla wakhe. U-Abraham wathetha ukuba kuyakubakho... Abantu bakhe bayakuphambukela iminyaka emakhulu mane ekuthinjweni, kwaye bayakukhutshwa ngesandla esinamandla, kwaye oko ayakukubonisa: imiqondiso nemimangaliso... kwaye—kwaye izizukulwane ezazizakuza, nezazizakwenza. Kwaye uMoses wema phaya, elaa *Lizwi lithanjisiweyo* lwaloo mhla. Yilonto wayenokubeka isandla sakhe esifubeni. Kutheni? Wayemi eBukhoneni bukaThixo. Amen! Olukhulu uzuko lweShekinah bumhangqile. Yonke intshukumo awayenzayo yamela uThixo. Kulapho ibandla lifanele lime khona ngoku. Injalo! Endaweni yokuya, sikude kwisankxwe sento ethile yobuhlelo.

¹²² Kodwa uMoses wayetsalekile, waza waphuma ecaleni. Kwaye nantso iNtsika yoMlilo indanda phaya etyholweni.

Kwaye uMoses apha ethanjisiwe. Akukho ntabuzo indoda yayingazi kwa ukwazi eyayikwenza. Uphawu eyalinikwayo xa yema phaya nentonga yayo kokwalusa, kwaye isazi ukuba leyo iyakuba yintoga entlango. Yajika yaba yinyoka, emva koko yaba sisicamagumashelo; inyoka yayenza, entlango. Zonke izinto awazenzayo. . . Yayiyimiqondiso namazwi ethetha ebantwini. Yabona, kwakukho into eqhagamshelene naye. Kwaye uMoses angabe akayazanga ngokwakhe, kodwa waye eliLizwi elithanjisiweyo lwaloo mhla. WayenguMthunywa othanjisiweyo. Ke ukuba waye nguMthunywa wala yure, wayenguMesiya walaa yure. *Wayengumthanjiswa.*

Ngoku, yena, uYoshuwa, noKhalebhu, babengamakholwa eqeleni (qwalasela) kwaye bezama ukufundisa abanye iNyaniso. Kodwa yabona, uSathana (uDathan noKorah) babangela abanye batshabalale entlango. Ngoku, yayiyintoni ingxaki?

¹²³ UThixo wayembizile uMoses. Wayengafuni ukuya. Abo baprofeti babenizinto ezinjalo bade ba—ba. . . Kwakunzima ukuyenza. Babengafuni ukuya, baze bahlekwe. Babefuna ukudlelana baze bahambe nabo bonke kwaye—kwaye bahambe nabazalwana. Kodwa uyabona, nje ngohlobo. . . Ndiyakholwa. . . Ndilibe ukuba yayingowuphi umprofeti, wathi, “Ukuba. . . Andifuni kuyenza lento,” (ngamanye amazwi) “kodwa intliziyo yam yonke iyakuvutha. UThixo uthethile kwaye kufanele ndilizise Lona.” Nokuba bayalithanda Lona; nokuba bambethelela yena; nokuba bamxuluba ngamatye; nokuba benze. . . UThixo uthethile entliziyweni yakhe, kwaye kufanele Alitsho. Hayi ukuba abe ngowahlukileyo, kodwa athobele. “Ukuthobela kungcono kunokubingelela; ukulamelana, kunamanqatha eenkunzi zegusha.” Yabona, Lalisentliziyweni yakhe. Kufanele ayenze. LalibuBomi bakhe. WayengenakuLigcina. Kwakukho into, ukungcangcazela, okwatyhalayo. Babanganakho ukuLisikelela okanye ukuLiqalekisa. UThixo wayenolawulo olupheleleyo kakhulu lwabo de Yena—Yena abe lilizwi labo, izenzo zabo. Haleluya!

¹²⁴ Ndinike iBandla elithanjisiwe kakhulu ngokupheleleyo ngoThixo de sonke isenzo salo nentshukumo ibe ngu ITSHO INKOSI, lihamba kola Zuko lweShekinah, ndiyakubonisa uMesiya (othanjisiweyo kaThixo) emi phezu komhlaba.

¹²⁵ Nako kumi uMoses ngakweli tyholo livuthayo noZuko lweShekinah. Emi apho, ethanjisiwe, wayengazi awayekwenza. Wayethobele nje oko iLizwi lithe akwenze, “Faka isandla sakho esifubeni sakho. Sikhuphe. Thabatha laa ntonga. Yijike ibe yinyoka. Yiphose ngasemva phantsi kwakhona.” Akukhathaliseki nokuba omye ongomnye uthini, wayeyenza.

¹²⁶ Wathi, “Nkosi, ndibonise uZuko Lwakhona, kwaye ndikulungele ukuya eYiphutha. Andisosithethi sandoda. Andikwazi kuthetha kakuhle. Kodwa ndivumele nje ndibone

uZuko Lwakho.” Kwaye WaLubonisa kuye. Waza wehla wathatha ezi zinto zinye, ukuze abonise ukuba wayenguMesiya othanjisiweyo. Laa ndoda yachola uthuli emhlabeni yaluphosa emoyeni, zaza iimpukane neentakumba zabhabha zisuka eluthulini, zawuzalisa umhlaba. Yintoni enokudala, kuphela nguThixo? Wathatha amanzi emlanjeni wawagalela phezu komjelo; kwaye lonke ithontsi lamanzi kuyo yonke iYiphutha, lajika laba ligazi. Yintoni enokwenza lonto, kuphela nguThixo? Yayingubani? Wayenikelwe kakhulu ngokupheleleyo kwiLizwi likaThixo elithanjisiweyo de abe nguMesiya.

¹²⁷ IYiphutha yazama ukuLijikela ezantsi ngale ndlela... Abangakholwayo bazama ukulala Lona. Amakholwa okuzenzisa azama amaqhinga abo. Kodwa iLizwi likaThixo labathatha labasa ngqo kwiLizwi lesiThembiso. Injalo lonto. Babethanjisiweyo. Babe... WayenguMesiya.

¹²⁸ Ngoku umbuzo uyeza uphuma entlango. Apha kulapho izisa... Yabona, ngoku, ndifuna niqaphele, bazalwana bam. Ngoku khumbulani, aba bantu bonwabela iintsikelelo. Bonwabela intshumayelo yalomprofeti, lona uthanjisiweyo. Bamkholelwa. Bamlandela. Kodwa kwavuka entlango, omnye ogama lingu—linguDathan, nomnye ogama linguKorah. Baza bathi, “Oku kufanele ibe kokomntu omnye. UMOses ucinga nguye yedwa uThixo ambizileyo.”

¹²⁹ Laa Myalezo walaa ndoda inye, babengawufuni Wona. Hayi, babengawufuni Wona. Kwaye uThixo akazange waqubisana kuphela nomntu omnye ngesha. Yasoloko inguMyalezo wendoda enye. Kuphi apho Wakhe waqubisana nabantu, ngaphandle komntu nje omnye? Kungumntu. Asiloqela. Unoxanduva kuThixo, ngamnye kuni. Uthi, “Owu, ndiyalikholwa Lona.” Wena nje... Yintoni oyenzayo, uyalonwabisa Lona. Wonwabisa ingcinga.

¹³⁰ Apha umfazi emile apha. Ndingumfana, ndilindele ukutshata. Wanezisa iimfuno zam ngandlela yonke. NgumKristu othandekayo: ukhangeleka njengomnye, unxiba njengomnye, wenza njengomnye, uphila njengomnye. Ndiyavuma uyakundenzela umfazi olungileyo. Kodwa akangokwam de ndimthabathele kum.

Yilondlela uMyalezo unguwo. Akunakuvelana naWo uthi, “Ulungile.” Kodwa kufanele Uwuthathe ube yinxalenye yakho Wona. Emva koko wena noMyalezo nibe banye. Ngoko intambiso ikunye nawe, njengoko ikunye nabanye.

¹³¹ Ngoku, uSathana, akazange aLikholve. UDathan... Wafumana uDathan kunye nabo ukuba bangaLikholve, wabenza bonke batshabalala.

Kodwa uthi, “Linda umzuzu, Mzalwana Branham, uthi, ‘Isithathu: Moses, Joshua, noKhalebu.’” Injalo lonto. Yilonto

yayiphaya. “Kodwa apha kuphela uthi, ‘Ababini.’ Uthi apha ukuba ‘Kwakukho a . . .’”

¹³² Uthi, “USathan ongaphezu kwendalo.” Kodwa kwakukho uThixo ongaphezu kwendalo, naye, ethambisa esi sithathu. Ngoku, uSathana uthambisa kuphela. Kodwa omnye uyeza, omnye uyeza, qaphela nje okwemizuzu embalwa. Uyeza embonisweni, igama lakhe nguBalaam. Ungumprofeti onguthandi-mali; obizwa njalo umprofeti, umprofeti wobuxoki.

¹³³ Kusoloko kukho zonke iintlobo zabaprofeti. Kwaye basoloko benoSirayeli kunye nalo iqela, kwakusoloko kukho abaprofeti; bona: amazwi ocengacengay ethambisa, abaprofeti abangabathengisi, ababehamba nabo kwaye befuna ilizwi elilungileyo likakumkani, namaqithi-qithi, kunye, kulungile, njengo Ahabhi enamakhulu amane wabo, bonke benxibe kakuhle ngendlela yecawa. Kwaye wakuxelela . . . wakuxelela u—u—ukumkani omkhulu phezulu phaya, uYehoshafati, wathi, “Kutheni, ngokuqinisekileyo, ndimakhulu amane, bonke baqeqeshwe kakuhle, abaprofeti bamaHebhere.”

¹³⁴ Kwaye bonke Bazile baprofeta. Kodwa laa ndoda enokupheleleyo kukaThixo kuyo kokwazi ukuba okuya kwakungalunganga, kuba yayisazi ukuba i-Eliya wayiqalekisa lanto. Kwaye angathini uThixo ukusikelela oko Akuqalekisekileyo? Wayengenakwenza oko. Wathi, “Ingaba unomye ngaphezulu ukuze sibe nokubuza?”

¹³⁵ Wathi, “Ewe, unomnye phandle apha; uMikayi, unyana ka Imla. Kodwa,” wathi, “Ndimthiyile.” Wathi, “Usooloko ekuthi lonke ixesha endigweba endixelela yonke into embi.” Ndingathini . . . Ingonyama iyagquma. UThixo uthethile. Ngubani ongasayi kuthetha iNyaniso? Xa yayichasene neLizwi likaThixo, kwafanela ayithiye lanto. Kwasoloko benayo lento, abaprofeti bobuxoko. Kodwa babesoloko benaye owenyaniso, naye. Khumbula, kwakukho isikolo sonke sabo. Kwakukho omnye wabo. Kwaye leyo yindlela eyiyo kuwo nawuphi umhla. Yindlela eyiyo, namhlanje.

¹³⁶ Umprofeti wemini liLizwi. Injalo lonto. UMprofeti, namhlanje, asiyiyo yonke lento apha yahlukileyo . . . Kukho umprofeti weMethodist, umprofeti weBhaptist, umprofeti wakwaMoya, zonke iintlobo zabaprofeti apho, kwilizwe lonke. Kodwa isamile: kukho omNye weNyaniso umProfeti, onguye izolo, namhlanje, naphakade. Injalo lonto. UYesu Kristu! Kwaye uliLizwi. Injalo lonto. uliLizwi: iLizwi eliThanjisiweyo leyure.

¹³⁷ Qwalasela Yena ngoku, njengoko sihamba. Sifumana ukuba uYoshuwa noKhalebhu . . . kwaze emva koko kweza uBhalam ekubuprofeti obuqeshwayo. Wenza ntoni? Wahamba phezu kwalo lonke iLizwi likaThixo, emva kokuba uThixo embonisile. Umele ihlelo, namhlanje. Sizakubonisa oko kwimizuzu embalwa; uDathan, wayeyintoni, kwaye babeyintoni nabanye. Ngoku

uBhalam wamela ihlelo. Umntu ongafanele... ofanele azi ngcono. Wazi ukuba oko kwakungalunganga. Kodwa yintoni awayenzayo emva koko? UThixo wamnika isilumkiso, kwaye futhi wahamba ngqo wanqumla eso silumkiso. Wayephambane malunga nemali nendumasi yokuba angaba ngowabo. Kwaye linjalo nebandla ukwenza namhlanje, lisiya ngqo kwela Qumruhu leeCawa zeHlabathi. Naso sonke isilumkiso siqhushumba ukunqumla ilizwe, nemiqondiso nemimangaliso kwimihla yokugqibela. Baya ngqo kuyo nakanjani, ngokuba bathanda indumiso zabantu ngaphezu kokuthanda iLizwi likaThixo.

¹³⁸ Ndinomhlobo olungileyo phandle phaya, oshumayela laa myalezo; umPentekoste, phandle exelela abantu, ezama ukumanya ibandla lonke. Esitsho ukuba “sifanele size koku, lentshukumo kazwelonke.” Kutheni, abanye kubo... ibandla likaKristu. Amaninzi ala mahlelo angakholelwayo nokukholelwa kuzalo lobuntombi, nazo zonke ezi zinto zahlukileyo, kwaye bonke bangaba lanto. Bangathini ababini ukuhamba kunye ngaphandle kokuba bayavumelana? Ngoko, uthi “Amen” kokuya, ndiyamangala malunga noku ngoko: Ngoko ingathini indoda ukutsho ukuba ingumKristu kwaye izaliswe nguMoya oyiNgewele, ize iphike ukuba ela Lizwi liselilo izolo, namhlanje, naphakade? UMoya oyiNgewele kuwe uvumelana nelaa Lizwi, lonke iLizwi, “Amen. Amen. Amen.” Xa iLizwi litsho nantoni, wena uthi, “Leyo yiNyaniso.” Amen! I... ngoba uvumelana neLizwi. Uvumelana noThixo. Wena noThixo nibanye. UThixo kuwe. Ungunyana Wakhe okanye intombi Yakhe, ikwenza umesiya Wakhe, iLizwi elithanjisiweyo liphila kuwe.

¹³⁹ Qwalasela, uBhalam waya ngqo kwezi zinto. Wayelihlelo eligqibeleleyo kunye nempendulo egqibeleleyo kwincasa yabo. Leyo yinto uDathan awayeyifuna. Leyo yinto uKorah awayeyifuna. Babefuna ukwenza umbutho kuyo. Bathi, “Sinamadoda angcwele konke khona apha.”

¹⁴⁰ Andikhathali angahamba ngokugqibelele kangakanani amadoda amabini, kukho ukwahlukana kuwo. Iimpumlo zethu azifani. Oobhontsi bethu abafani. Kukho izinto ezininzi malunga nathi... Kodwa sinokunika omnye utsalo-gazi, nkqu nakumawele, nawo asahlukile. Ngoko, uyabona, uThixo ufumana umntu nje abemnye kokwakujikeleza, aze omnye akholelwa kokuya.

¹⁴¹ Wenza umntu wamnye, kwaye abaninzi ukusuka kulaa mntu. Njengoko bafa bonke ku Adam, bonke baphila kuKristu. Wenza indlela enye yokufa, kwaye bonke bahambe kuyo. Kwaye Wenza indlela yoBomi, kwaye njengoko abaninzi behambe phaya banoBomi. Okusuka kwiNdoda enye, hayi iqela lendoda lisiza lisifa. Iqela lamadoda lalingenasono. Indoda enye yona isono esinye. INdoda enye yahlawula sonke isohlwayo. Akudingeki okunye ukukhasa ngamadolo, uze uthi *Ah Mariya*, nazo zonke

ezo ntlobo zezinto, nokunika intlonipho kubantu abafileyo. UYesu wafa ukuze iSipho sikaThixo sibe nokuba ngesisa. Wahlawula ityala ngokugqibeleleyo. Kodwa uyabona, sifuna ukuba neto ethile engenye yokutsho kuYo.

¹⁴² Qaphela oku ngoku. Aba bafu banyukela phaya bathi, “Kulungile, uzama ukuzenza okuphela komntu kwigquba. Ucinga ukuba nguwe wedwa.”

¹⁴³ Kwaye uMoses wayekruqukile kubo. Wajika, wathi, “Bawo . . .”

¹⁴⁴ Wathi, “Zahlule kubo. Ndi—Ndi—Ndi . . .”

¹⁴⁵ “Bonke—bonke abakwicala likaThixo, yizani ngapha.” Waza wavula umhlaba wabaginya. Ingaba injalo? Cinga nje ngoko, mzalwana. Owu, bethu! Kutheni bengazange bamkholelwe? Kutheni bengazange bakukholelwe ukuba—ukuba—ukuba—kuba lo Moses wayeyinkokheli, kaThixo? Kutheni bafuna ukuxambulisana naye? Besoloko bambombozela bekhala, xa babona isandla sikaThixo baza bahamba ngaphantsi . . . Kwaye uMoses . . . UThixo wangqina ukuba—ukuba uMoses waye engoWakhe uMesiya othanjisiweyo. Niyabona? Kwaze emva koko . . . Yabona, ezantsi entliziyweni yabo, babefuna into eyahlukileyo.

¹⁴⁶ Kwenzeka ntoni kuni bakwaMoya? Kwiminyaka embalwa eyagqithayo niphume kuyo imbutyulelo ebizwa ihlelo, ukuzenza iPentekoste. Kutheni nifuna ukubuyela emva kuyo kwakhona? Ikhasi kufanele lize. (UKhozo belungekho apha, okwakaloku nje.) Yabona? Qwalasela, leyo yindlela nje abenza ngayo. Oko kwakusentliziyweni yabo. Babefanele bayenze lonto.

¹⁴⁷ Ngoku, yabona, uDathan wayenembono yokuba bonke babenokwenza inkolo enkulu kuyo. Niyazi, nkqu nompostile uPetros wayenembono enye eNtabeni YoGuqulo. Wathi, “Masakhe iminquba emithathu apha; omnye ibe ngokaMoses, omnye ibe ngowomthetho, omnye ube ngowabaprofeti, omnye . . .”

¹⁴⁸ Kwaye ngelixa wayesathetha, kabakho iLizwi lisihla, lisithi, “Lona nguNyana Wam oyintanda. Mveni yena.” Kuxa bajonga ngemva, babona uYesu yedwa. Nanko Emile. Waye eliLizwi. Kuko konke ofanele ukuve, lelaa Lizwi. NguYe kuso nasiphi isigaba. Jonga oko iLizwi elikutshoyo ngesa sigaba, uze uqwalasele uThixo Elithambisa, uze uhambe Nalo. Koko kuphela.

¹⁴⁹ Balandela iNtsika yoMlilo ukuya kuMhlaba weSithembiso. Abobahamba ngendlela yonke bayenza, abanye batshabalala. Qwalasela, babefuna iLizwi lixutywe nelizwe . . . kwabenzela impazamo. Kwaye qwalasela eyakwenzayo kubo. ILizwi . . . BaLiphosa ngokuba babengayi kwamkela iLizwi elithanjisiweyo. Yabona, kufanele ube neyomgunyathi . . . Kuqala kufanele ube neyenene, ukwenza eyomgunyathi ephuma

kuyo. Kwaye phaya babenayo, waza uThixo wabonisa ukuba Wayengekho kuyo.

¹⁵⁰ Cinga ligqibelele kangakanani iLizwi ebelazisiwe kubo, ngokungqinelwa kubo. Yonke into uMoses awayiprofetayo ibiyakwenzeka. Okokuba wayebizelwe ukubathatha abase kuMhlaba weSithembiso. Yonke into uMoses awayiprofetayo yenzeka, kanye phaya. Akukho Lizwi Layo lasilelayo. Enjani inyhweba ekwakufanele kuyiyo, ukwazi ukuba wawuhamba entlango...Kwaye phaya, emva...Xa wabaxelelayo bona uMyalezo, kwakufanele bawukholelwe Wona kuqala. Kodwa emva ebakhuphile phaya, ngoko uThixo wathi, “Ndiyakugqina kubo ukuba ndiyilaa Ntsika yoMlilo owadibana nayo entlango.”

¹⁵¹ Ke Wathi, “Bahlanganisele bonke entabeni.” Waza Wehla phezu kweNtaba yeSinayi. Kwaye uThixo waqalisa ukududuma.

¹⁵² Baza abantu bathi, “Sukuvumela uThixo athethe. Makuthethe uMoses. Suku...”

¹⁵³ UThixo wathi, “Andisayi kuthetha nabo kwakhona kanje, kodwa Ndiyakubavusela umprofeti oyakuthetha eGameni Lam.” Yabona? Ke siyafumana ukuba yiyo lonto uThixo ahlala eyenza. Kutheni bengenakubona oko ekuqaleni? Jonga zonke ezi zinto, nako ngoko ukubhobhozela ngokuchasene noMyalezo owawubathathela kuMhlaba weSithembiso; owaqala nabo kakuhle, kwaye ubathathela kuMhlaba weSithembiso. Kodwa bona...bafanele bambombozele ngokuchasene naWo. Cinga, igqibelele kangakanani...kanjani bengazange bahambe yonke imihla, behamba neNkosi. Obunjani ubomi ukubuphila, kanye entlango! Ebusuku...Besitya imana yentsasa, eyawa ngobusuku.

¹⁵⁴ Uyazi, iba yinto eqhelekileyo kubo de bathi, “Umphefumlo wethu uyoma sesi Sonka.” Yabona? Kwaye leyo yindlela ibinjalo nathi. Ndinga nje ngamaqela amancinci esithe sa...nje koluncinci ulungiselelo lwam, ngokunqumla isizwe. Ndibona hayi kuphela impiliso nezinto; bezisoloko zikhona. Impiliso; UThixo wasoloko enalo isebe lempiliso ndaweni ithile. Kwanokuba Waba ne—ne—neNgelosi equleni kanye. Kwaye Yena...zonke iintlobo zezinto. I—inyoka yobhedu entlango. Nive nisoloko ninazo iimpawo zempiliso. (Oko asikoko ndithetha malunga nako.) Impiliso yinto enye etsala umdla wabantu. Wonke ubani uyakufaka inkxaso kwinkonzo zempiliso. Baya—bayakufaka inkxaso kumnyhadala womculo. Kodwa xa kufikwa kumphefumlo olusizi olahlekileyo, abananto yakwenza nalonto. Yabona, ngoku asiyonto na leyo ilungileyo? Yabona? Sinento yonke...ukwenzela umphefumlo olusizi olahlekileyo. Akafuni nto yakwenza nokuya. Bayakumyeka ampampathe kuyo nantoni. Bathi, “Kuhle, kulungile konke, ungowecawa. Ayiyi kuvisa buhlungu nanye into.”

155 Kodwa ngoku, siyafumana apha... (Sisiya ekuvaleni ngokukhawuleza esinokuba nako apha.) Cinga yayingqibelele kangakanani. Ndijonge ezantsi ngayo i—imihla ebesinawo apha kulo mhlaba. Jonga oko iNkosi uThixo ekwenzileyo. Kuqala ngemiqondiso emikhulu, nezimanga, nemimangaliso, esathi sazonzwabela zonke. Emva koko qaphela... Emva koko kwaza uMyalezo ngasemva kwayo.

156 Qaphela okwenzekayo. Kuhamba ecaleni, hayi nje ngesiqu sakho, indoda ecaleni kwakho. Bona iqela leNgelosi zisuka eMazulwini, zishukumisa umhlaba wonke, nje zimi phaya. Kwaye amaphepha ndaba ayibhala; xa iquikelelwe iinyanga ngeenyanga phambi kwexesha iyakwenzeka. Nako Emi phaya, wathi, “Ixesha lifikile, buyela emva. Vula Amatywina Asixhenxe eemfihlelo ebezifihliwe konke kubo abahlaziyi nezinto, waveze.” Emva koko kweza ukushunyayelwa kwe *Mbewu Yenyoka*, nazo zonke ezi zinto njengeziya. Kwaye wenza ntoni umfundisi wecawa? Endaweni yokuthi... “Kutheni, uLuther watsho *oku* okanye *okuya*.” Bona nje... Abasokuze bayibone. Yabona? Kodwa enjani inyhweba eyiyo kuthi bakholwayo; ukuhamba eBukhoneni bukaThixo, yonke imihla.

157 Yima phaya ubone isaqhwithe sisiza siphuma esibhakabhakeni. Sabhudla intaba yaba kubini, ndimi phaya apho sasikhona; yasika imiphezulu yemithi yayisusa nezinto ezinjengeziya. Lwaza udubulo lweLizwi lwaphuma ladlikidla phaya amatyeli amathathu, lathi, “Yijonge iya kuLwandlekazi lwaseNtshona.” Yaya ngqo ngaphaya yadlikidla i-Alaska. Yaza yeza isihlela kuLwandlekazi lwaseNtshona ngoku. Kanye ngqo.

158 Imini gaphambili, ndathatha ilitye ndaliphosa phezulu emoyeni, ndathi, “ITSHO INKOSI, ‘Iyure ilapha, umgwebo uyakuqala emhlabeni. Unyikimo nayo yonke into iyakwenzeka. Kwaye loke uLwandlekazi lwaseNtshona liyakudlikidwa nanjalo njalo.’” Jonga igqibelele kanjani. Imini ngemini, yonke into nje ngokuchanekileyo ngendlela Ayitshiloyo. Singathini ukujika umva, bazalwana? Masigcine ukholo lwethu kuYe.

159 Bathi, “Ngubani lo?” Siyazi Ngubani. NguYesu Kristu onguye izolo, namhlanje, naphakade, iNtsika yoMlilo. Xa ixesha likaMoses, jonga eyakwenzayo Yona; izekelisa iNtsika yoMlilo namhlanje. Yabasoloko... Kutheni bengazange bakholwe uYesu ekubeni liLizwi? Babenotoliko olungalunganga nokuqonda. Nje ngo Eva wenzayo, banjalo nabo ngoku.

160 Emva koko uBhalam nemfundiso yakhe yayilungile nje kubo. Kwaye yonelisa incasa yabo ngqo. Esidlweni, jonga... Esidlweni samaMowabhi, yabona... Owu, wathini Yena. Jonga apha indlela umfanekiso onguwo namhlanje, indlela ozekelisa ngayo ngasemva. (Ndinigcina ixesha elide.) Kodwa jonga, qwalasela, nje okwethutyana, Isidlo samaMowabhi. Yabona, ukuba Ebenokubafumana kanye phandle phaya ngendlela

enye, uBhalam wenza, ngoko wabaqokelela bona kunye. Ukuba unokuqalekisa bona ngokwakhe. . . Ngakumbi eqalekisa, kungakumbi uThixo esikelela. Kaqhubeka nje. . .

¹⁶¹ Yabona, yilonto wayenzayo kwabakwaMoya. Bathi kwiminyaka embalwa egqithileyo, xa nonke naqalisayo, “Aniyi kuya ndawo. Kwakungekho nto kuni. Nina, niyakutsha. Niligquba nje lababaxi.” Kodwa lonke ixesha abazama ngayo ukuniphalekisa, naniphumelela nibuye kwakhona. UThixo waqhubeka etyhila uMyalezo Wakhe. Ezantsi kwi Assembly endala, emva kude le ekuqaleni, iQumrhu Elibanzi. Emva koko Wangenisa ngaphakathi xa bamkela iGama likaYesu Kristu ngenxa yobhaptizo lwamanzi. Emva koko yatsibela ngale ndlela, kwaye omnye ngenye, nomnye waphuma. . . ; bamanya *oku nokuya*. UThixo waqhubeka esikelela.

¹⁶² Ngoku, kuhle, wabona ukuba akanakuqalekisa. Yabona? Ke yintoni azakuyenza? Uzakukwenza umbutho. Akuzise. . . “Owu, sonke sibanye kakade.” Yabona? “Sonke sikholwa kuThixo omnye.” Ke oko koko nje uBhalam wakwenzayo. Kwaye akasilumkisanga na uYuda ngoku? Baphazama endleleni ye. . . emfundisweni kaBhalam baza batshabalala kwiphike lika Korah. Akenzanga na uYuda, umntakoboYesu ngokuzalana, wasiyala ngako oku eBhayibhileni? BanjengoKayin, kwasekuqalekeni, abathengwa. Abo baya ecaweni baze bakhe iicawa kunye—kunye nokwakha isibingelelo babingelele. Baphazama ngendlela kaKayin. Babaleka ngendlela kaBhalam, kwaye batshabalala kwiphike lika Korah. UYuda uyibeka yonke into nje ngedlela ebesisenza ngayo ngale ntsasa, apha phambi kwenu, nje ngendlela ebesisenza ngayo. Into yonke ilele phaya.

¹⁶³ Batshabalala ephikeni likaKorah. Cinga nje ngoko, yayimbi kangakanani. Nje ukucinga ngoko laa Korah. . . Yabona, wathi, “Ngoku, sonke siyakuya esidlweni. Sonke sibanye.” AmaMowabhi akholelwa kuThixo. Abo yayingabantwana bentombi kaLote. Yabona? “Sonke siyakholelwa kuThixo omnye.” Ngokweziseko, babelunge ngokuchanekileyo. Qaphela uBhalam phezulu phaya, nje elunge ngokweziseko njengaye nawuphi umBhaptizi okanye umRhabe namhlanje. Wenyukela phaya kwaye nanko uSirayeli, lowo ungelohlelo. . . Babesisizwe. USirayeli wayengesosizwe. Yayingabantu ngela xesha. Babengafuni kuhamba ngendlela kaThixo, emva kwethuba. Babefuna ukufana nezizwe zonke. Apho kuxa basilela khona. Kodwa okoko bafuna ukuhlala noThixo, konke kulungile.

¹⁶⁴ Waphuma uBhalam, wajonga ezantsi, wathi, “Kuhle, bethu! Ndiyamazi omnye wabo balungiseleli utshate umfazi wenye indoda.” Zonke ezi zinto, owu ngokuqinisekileyo, banezininzi. Walibala ukuva ukumemeza ko—koKumkani enkampini. Zange alibone elaa Litye libethiweyo, kunye nenyoka yobhedu ijinga phaya ukwenzela ucamagushelo. Zange aqonde ukuba oko kwakungaxhonywanga nakowuphi umbutho. Zazixhonywe

phezulu kuMonqophiso kaThixo, kwaye behamba kokuya. Yabona? Kwaye uBhalam wathi, ngokweziseko, “Ndakhele izibingelelo zibe sixhenxe.” Yilonto uYehova wayifunayo. Yilonto uYehova wayenayo macala omabini. “Konke kulungile, beka amathole asixhenxe phezu kwaso.” Yilonto babeyenza ezantsi phaya enkampini. “Ndibekele inkunzi zeegusha kuso ngokuba kukho uMesiya ozayo ngenye imini.” Kulungile.

¹⁶⁵ Yabona, ngokweziseko, bobabini babelungisile; ngokusengqondweni. Yabona? Kodwa ngenye imini xa wabonayo wayengunakumfumana kula ndawo, wathi, “Ukuba nje sinokuzenza umbutho ngoko.” Kwaye kulapho benza impazamo yabo.

¹⁶⁶ Kwaye koko ngqo apho owakwaMoya wenza impazamo yakhe; xa bazenza umbutho njengezinye iicawa. Andilotshaba lwenu. Ndingumzalwana wenu. Ngenye yezi mini niyakufumana okokuba oko kuyinyaniso. Ingathatha ixeshana, ukujika okumbalwa kwelanga, kodwa ngenye imni niyakubona ukuba oko kulungile.

¹⁶⁷ Ngoko imfundiso kaBhalam yababetha nje... Leyo yinto ababeyifuna. “Sonke sibanye.” Yabona? Ke, apho bemka. Bonke abaprofeti babo bemka kanye nayo. Kwaye kwakukwesasidlo, kwa abanye bathi, “Kwaye siyakholwa sonke ukuba kukho uThixo omnye. Masiyikholwe.” Nje oko baye bekukhangela, kanye ngqo.

¹⁶⁸ Ngoko xa amaMethodist namaBhaptizi kunzima ukuhlangana ngenxa yemibutho yabo, kodwa xa kusiza umbutho omkhulu, wokokuba sonke sihlangane, kulungile. “Owu,” uthi, “abakwaMoya abasokuze bayamkele.” Abosokuze? Yintoni ababeyakuyenza ngenye imini eMissouri? Fundani amaphepha enu, ngokuqinisekileyo. Yabona? Akusokuze? Hayi, hayi abakwaMoya benu, nina bantu; kodwa asinini, ngulaa rhulumente phezulu phaya onoshukumisayo. Leyo yintloko enjikayo. Injalo lonto. Sanukuhamba nayo. Hlalelani kude kula nto, leyo luphawo lwerhamncwa. Zikhuleni kokuya ngokukhawuleza eninokuba nako. Yabona? Lowa nguzwel... Yila ntloko karhulumente eyenza into.

¹⁶⁹ Asizange siye ngaphaya sibe nemfazwe neJamani okanye nawuphi naba. Ukuba oku... ezinye zezi politiki zinkulu zihleli phezulu apha zokwenza imipu emikhulu zize ziqale... Andifuni mali ephuma e... imali yegazi ephuma kongowam umntwana, ofanele aye ngaphaya afe ngenxa yayo. Yabona? Kodwa yilonto eyiyo, lupolitiko elukwenzayo. Kwaye ihlabathi lonke lilawulwa ngumtyholi. Yilonto ngqo uYesu wayitshoyo. Kwaye alisokuze lilunge kude kube yiMillennium, xa uYesu esiza ethabathela kuye. Kodwa ngoku sinazo ezi ngxaki. (Khawulezisa ukuze sibe nokugqiba ngoku.)

¹⁷⁰ Nje oko bekukhangelwa . . . nje into. Yilonto nje abebeyifuna. Uloyiso lukaSathana kwiSindlo samaMowabhi. Unomnye ozayo, kanjalo. Ubafulumela bonke endaweni ekwafanayo. Linda . . .Konke ngaxeshanye! Cinga nje ngoko bakwenzayo. Ikwanye njengoko yayinjalo. Ayizange ifanele ithathe enkulu ebanzi, ende, emithathu okanye emine iminyaka ukuyizoba. Ba . . .umprofeti wobuxoki, indoda ehambe phezu kweLizwi likaThixo . . .sonke isilumkiso athe uThixo wasithumela ukunqumla isizwe, waza wabaxelela, “Phumani kuyo! Phumani kuyo! Phumani kuyo!” Abayi kuyenza. Bayakuhlala kanye phaya.

¹⁷¹ Abalikhathalelanga iLizwi likaThixo, abawakhathalali aMazwi, abayikhathalalelanga imiqondiso, abazikhathalelanga izinto esikuzo. Baza baya kanye phambili, “Sizakuba nayo nakanjani. Siyaphambili ngaphaya. Kufaneka sinayo. Kuko konke. Sonke simanyene.” Yabona ubuyatha bukamtyholi? Leyo yinto ekwanye abayenzayo kwiSidlo saseNicaea, eNicaea, Roma. Benza umbutho kokuphuma kokuya, kwaye koko kwenzekayo. USathana wayeneSidlo saseNicaea. Owu, bethu! Kwaye kusukela ngoku . . .Phulaphula, ndizakutsho enkulu ebanzi apha ngoku. Kwaye nina nikwiteyiphu enifuna ukuxoxa malunga noku, xoxani kwiziqu zenu, kwanembali imbali, neBhayibhile, yabona, kodwa hayi kum.

¹⁷² Phulaphula! Lonke ixesha uThixo ethumela umthunywa enze uMyalezo uqale . . .Kwaye xa ela bandla, xa ela qela labantu liba sekuyeni kwisidlo sobuhlelo . . .Phaya kulapho bayenzayo. Kulapho i-Assemblies yayenzayo. Kulapho Abobunye bayenzayo. Kulapho nonke kuni nayenzayo, kwisidlo senu sobuhlelo, nizilahlela kanye ngasemva kulanto inye athe uThixo wayiqalekisa kwasekuqalekeni. Leyo yiNyaniso ngqo. Nangaliphi ixesha ibandla elakhe lanemvuselelo . . .Kwixesha likaLuther, ngoko i . . .Kwenzeka ntoni? AmaMethodist . . .konke ukuhla ngezigaba . . .Zwingli, Finley, Finney, bonke babo, xa babanemvuselelo, benza ntoni ngayo? Bayilahlala kwisidlo sobuhlelo, baza bakhasa kunye nabanye, babeka uphawu kuni njengabanye babo. Emva koko ufumana igquba lamadoda enilawula. UMoya oyiNgcwele awunakushukumela ndawo. Leyo ngqo. Niqale ukushumayela into iBhayibhile eyifundisayo, efana nayo, kwaye ihlelo aliyikholelwa lonto; linikhuphela ngaphandle. Yizameni kube kanye ukuze nibone ukuba ilungile okanye hayi. Niyakubona ukuba iyiNyaniso. Yabona, isidlo sobuhlelo lonke ixesha babizelwe kuso, esa sidlo sikaBhalam, ingxaki yangena. Owu, Luther, Wesley, Pentekoste, nabo bonke babo ngamaxhoba waso.

¹⁷³ Qwalasela, kwakungoko, haleluya, xa uMoses wavela wathi, “Ngubani ongakum noThixo?” Amen! Kwakungoko umLevi watsala ikrele lakhe wangena emizini waza waxabela yonke into eyayinxibelelene naso. Amen! Yonke into; yonke indoda

eyayinomfazi womMowabhi, bawabulala kanye kunye. Ngoku iyure ifikile. Iphi laa ndoda? Baphi oonyana baka Aroni, obunye bobubingeleli obukulungeleyo ukutsala iLizwi likaThixo, eli libukhali ntlangothi-zombini iKrele? Bathi, “Ngubani omi kakum noThixo?” Uphi apho akhoyo? Onokumema, ameme kodwa akukho bani uphendulayo. Yabona oko ndibhekisele kuko? Asiyifumani. Thina nje. . . Kukho undonakele. Qwalasela, kwakukho. . . Kwakungoko apho uMoses wema watsho ezi zinto.

¹⁷⁴ Qwalasela, isono sabo, abasenzayo phaya, xa bazenza ihlelo kunye namaMowabhi benza umzimba omnye. . . Esa sono zange saxoleleka. Ndizakunxwema kokuya ixeshana. (Kusemva kwexesha, kodwa nje umzuzu.) Izono zabo zange zaxolelwa zona. Zange kubekho namnye kubo wakhe wafika kuMhlaba weSithembiso. UYesu wathi, kwi. . . Uxolo. UYohane Ongcwele isi-6, UYesu wathi; kuYohane Ongcwele isi-6, xa bathi, “Oobawo badla imana entlango” . . . BabengakwaMoya. Mzalwana, badla imana, babenento yokwenene.

¹⁷⁵ UYesu wathi, “Kwaye bona, bonke kubo, bafile. Batshabalale. Banyamalale ngoNaphakade.” Izono zabo zange zaxolelwa. Benza ntoni? Bophula umnqophiso wabo noThixo, bazenza umbutho noBhalam, umprofeti oqeshwayo ongayi kuthatha ongayi kuthatha isilumkiso sikaThixo; ongayi kuthatha iLizwi likaThixo; ongayi kuthatha kwanto kaThixo. Kodwa wayezimisele ukubafumana bonke. Uyabubona ubudenge? Ndingahlala kokuya ixesha elide, kodwa ndi—ndicinga niyayifumana. Yabona? Qwalasela, izono zabo zange zaxolelwa zona; hayi namnye kubo bahlala phantsi kwezo ntsikelelo baza badla imana nento yonke.

¹⁷⁶ Xa owenene, wenyano uMyalezo usiza kumanqam, bazenza umbutho. “Siyakuthatha amaMowabhi kunye nathi ngokuhlangeneyo. Bangumbutho omkhulu, isizwe esikhulu. Asisiso nkqu. . . Asisiso nkqu nesizwe. Siyakutshatiselana nje kwaye—kwaye kuyakulunga kuthi ngoko. Siyakuba nabo.” Kwaye zange ixoleleke; zange, zange yaxoleleka yona.

¹⁷⁷ UYesu wathi, “Bona, wonke ngamnye, *ufile*.” Guqulela oko kwisiHebhere okanye isiGrike, nayiphi, okanye nkqu kwisiNgesi, ithetha “Ukwahlulwa ngonaphakade”; ngonaphakade imkile. Injalo lonto.

¹⁷⁸ Owu, ewe, babona imimangaliso. Babona iLizwi lithanjisiwe. Badla imana eyaphuma eZulwini. Bonwabela iintsikelelo zocamagushelo. Babona iLite elibethiweyo linika amanzi Alo. Basela kuLo. Babeqhelene buqu naLo. Kodwa xa kufikwa ekwaphulweni kwela Lizwi. . . Ungaze ukulibale oko! Xa uYesu wathi, “Mna noBawo Wam sibanye,” akathanga kukho isithathu. Huh? Xa zonke ezi zinkulu ingqondi zeSibhalo. . .

¹⁷⁹ Indoda yeza kum ngobunye ubusuku izokundibonisa apho ndandingalungisa khona, okanye ekuthetheni ngobutriniti.

Ndinamawaka ezilungileyo zezihlobo ezingamatriniti. Zikulaa Bhabhiloni. Ndinabaninzi babahlobo boBunye kulaa Bhabhiloni, ngokunjalo. Yabona? Kodwa kwenzeke ntoni? Wathi, “Sisigama, Mzalwana Branham. Uyakholelwa kwitriniti?”

¹⁸⁰ Ndathi, “Ngokuqinsekileyo.” Ndathi, “Ndiyakuthatha ilizwi lakho: sisigama.” Ndathi, “Uyikholelwa kanjani?”

Yathi, “ndikholelwa kuThixo omnye.”

Ndathi, “Wenza kakuhle.” Yabona?

Yathi, “Ndiyakholelwa kukho uThixo omnye, kunye nabantu abathathu kwiNtloko-buThixo.”

Ndathi, “Ingaba ungu—ungumfundi kaBIOLA?”

Yathi, “Ewe.”

¹⁸¹ Ndathi, “Ikhangeleka njalo.” Ndathi, “Oko akuthethi lungileyo ngemfundo yakho.” Ndathi, “Abantu abathathu, kunye noThixo omnye?” Ndathi, “NgokukaWebster, kukho, kufanele ibe zizimilo phambi kokuba ibe ngumntu. Ukholelwa koothixo abathathu, mhlekazi.” Akunakuba ngumntu ngaphandle kokuba ube sisimilo, ngoba kuthabatha isimilo ukwenza umntu.

¹⁸² Ke bathi . . . Yathi, “Kuhle, Mnu. Branham, uyazi, nkqu na—nabakwalizwi abanakuyicacisa.”

¹⁸³ Ndathi, “Injalo ngqo lonto. ILizwi alizi kowakwezakwalizwi.” Uh-huh. Ndathi, “IBhayibhile ibotshelwe yonke kwiSityihlelo, ‘Phezu kweli litye ndiyakulakha iBandla Lam, kwaye amasango esihogo akasayi kuloyisa Lona.’” Yabona? Amen, nako ke apho ukhoyo. Yabona? Kodwa ngoko xa isiza kwezo zinto . . . Owu, bethu!

¹⁸⁴ Ngoku sifuna ukukhawulezisa size sivale msinya ukuba sinakho. Kufuneka nditsibe ezinye zezi Zibhalo nemibhalo, yabona. Ngoku, qwalasela, zange baxolelwe ngoko bakwenzayo. Benza ntoni? Bonwabela iintsikelelo. Sukulibala oko. Ndizakukuphinda kwakhona. Zange baxolelwe ngalonto. Khumbulani, le teyiphu iya kwihlabathi jikelele. Yabona? Idlalwa emahlathini e-Afrika, Indiya, konke jikelele ehlabathini; iguqulelwe kwiilwimi ezahlukeneyo; nakwiinkampu ezahlukeneyo, nakwii ndawo ezahlukeneyo. Isono zange sixolelwe. Intoni? Bona . . .

¹⁸⁵ Uthi, “Kuhle, makasikelelwe uThixo, ndi—ndikwenzile oku. Ndi—ndi—ndikwenzile oku. Nditye imana yaseZulwini. Ndi . . .”

¹⁸⁶ Ehe, bakwenza, njalo. Kwaye uYesu wathi, “Banjalo, bonke ngamnye, bafile.” Kodwa xa iza kuMyalezo ngqo, apho, babengafanelanga bawophula laa Mnqophiso, kunye nesinye isizwe. UThixo wayengumahluli kwaye Wahlula aba bantu, kwaye babengafanele kuba nenye into engenywe yokwenza kunye

nabanye, batshate nabani. Kwaye elenene, eloqobo iBandla noMthshakazi kaKristu, uxokonyezelwe kuKristu oliLizwi. Kwaye akutshateli nakuwuphi umbutho, nalinye ihlelo. Uhlala ngqo noKristu nelaa Lizwi, njengomntu oyedwa. Ukuyenza kukuhlukaniswa ngoNaphakade kuThixo. Ndiyathemba wonke umntu uyakufumana oko.

¹⁸⁷ Ngoku, kwisiqendwana sethu, kwakukufuphi kwiSidlo sePasika; siqhubeka. Yayilixesha elibi. Abantu babelala ngaphandle kwamasango. Yonke ipasika iyakwenza oku. Babengaphandle belele emabaleni. Izakhiwo zokulala zazigcwele nayo yonke into. Yayiyipasika. Kwakukho ulindelo olukhulu khona phaya. Umoya wawuzele. (Ngoku, kumalunga nesihlanu okanye ngaphezu kwemizuzu ndiyakube ndiphumile, iNkosi ithandle, okanye ishumi.) Wonke ubani wayesemndleni.

¹⁸⁸ Jonga, kukho indidi ezintathu zabantu phaya. Yabona, kwakukho ulindelo olukhulu. Babesazi ukuba lendoda ingaqhelekanga yayisiza esidlweni. Abanye babo babeYithanda; babeYikholelwa. Abanye babo baYithiya; abaninzi babo baYithiya. Kwaye ngokuba omnye waYithanda omnye waYithiya, osesidikidikini *akakwazanga* amakakwenze. Yabona? Babengazi. Qwalasela, umoya wawuzele lulindelo. Omnye esithi, “Xa Efika phaya, ndiyakuxelela sizakuMbiza . . . SizakuMnika uvavanyo lweLizwi. SizakuMmisa phezulu phaya ngakumbingeleli. Sizakubona ukuba ubulumko bakhe buchasene nobukaKhayafa.” Wayesele ekubonakalisile oko. Yabona?

¹⁸⁹ “Kodwa siyakukwenza oku: Siyakubona . . . Ndiyazi ukuba abanye babakhulu abakhokeli bayakumbamba Yena. Nkwenkwe, bayakumgumbulula lamfo ngaphakathi ngaphandle. BayakuMenza azi into Ayiyo, xa bebhaxa ngababingeleli bethu. Nkwenkwe, bayakwazi abakwenzayo. Bangamadoda achubekileyo. Bayazi abakwenzayo.”

¹⁹⁰ Abanye bathi, “Andazi bazakwenza ntoni ngalaa mfo.”

¹⁹¹ Abanye bathi, “Owu, ndilinde Yena eze. UThixo unaYe. Ulilo ela Lizwi. Owu, nje ndi—nje ndifuna ukuMbona.” Yabona? Owu, babehlukahlukene. Ngoku, yabona, abo babeMazi kwaye bemkholwa, babefanele ukwazi leliphi isango amabalinde kulo. Yabona? Babeyazi yeyiphi i-ndlela aweyezakuza ngayo Yena. Kukho ulindelo olukhulu, kodwa uyazi, babengabaninzanga abaMbonayo. Yabona, baninzi abangaMbonanga. Ke injalo namhlanje.

¹⁹² Abanye babo bathi, “Yindoda elungileyo. Owu, akukho nto ingalunganga naYe. NjengoNapoleon, Washington, wayeyindoda elungileyo. Kodwa, owu, njengomfundisi, hayi, hayi.”

¹⁹³ Abanye babo bathi, “Owu, Yindoda elungileyo. Owu, Yena—Yena nje uphixene, kuko konke. Ngumfo olungileyo. Akukho bani onokutsho nto imbi Ngaye.”

¹⁹⁴ Abanye bathi, “Hayi, Yena—Yena unomtyholi. Ndingakuxelela ukuba—ukuba phaya into yofundo lwengqondo nazo zonke ezinye zezinto, kwaye okuya—bubuprofeti bobuxoki. Buchasene nemvumo-nkolo yethu. Ningayikholwa into enjeya ngaleyo.”

¹⁹⁵ Kwaye omnye, wathi, “Uzuko kuThixo, NguThixo. Ndiyamazi Yena. Ndiyabona.” Kwaye babelindile. Ngoku oko nje yindlela esimi ngayo namhlanje, kodwa into ekwanye: iLizwi lithanjiselwe le yure; Ibandla Lesigaba SaseLawodike.

¹⁹⁶ Ngoku sizakuvala ekuthetheni oku. (Nje umzuzu.) Indidi ezintathu zazilindile Yena. Ke injalo namhlanje, injalo lonto, isithathu. Qwalasela, amakholwa ayekhwaza. Yabona? Yabona? Ulungiselelo lwakhe lwamenza Yena athandwe ngabanye, athiywe ngabanye, amangalise kolunye uluhlu. Yabona? Ulungiselelo Lwakhe. . . Mandicaphule oko kwakhona. Ulungiselelo Lwakhe, nokuba lwaluyintoni. . . Siyazi ngoku, YayiliLizwi. Kodwa *ulungiselelo* Lwakhe labangela abanye abantu baMthande. Babemiselwe kwangaphambili ukuba benze oko. Yabona, bayikholwa. Bayibona. Kwakungasekho. . . Xa uNathaniyeli wenyukela phaya, waza—waza Watsho kuye oko abekwenzile ngolwahlobo, wathi, “Rabhi, Unguye uNyana kaThixo. UnguKumkani kaSirayeli, akukho mbuzo engqondweni yam.”

¹⁹⁷ USimon wayeme phaya, wathi, “Owu, Andrew, andizukuya ngaphaya. Ndikuvile konke okuya ngaphambili.”

¹⁹⁸ “Kodwa,” Andrew, “kufanele uze. Kufanele uze, yiza nje kube kanye nam.”

¹⁹⁹ Kwaye ngelixa Wayehleli phaya, uYesu wambona yena esiza, uyazi, esiza. Wathi, “Igama lakho unguSimon. Ungunyana kaJonas.” Zange kuphinde kubekho mbuzo. Yabona, kuko konke okwakukuko. Babephaya. Bayikholwa. Bayibona. Bazi ukuba koko uMesiya wayefanele akwenze xa Efika.

²⁰⁰ Kwafanele abenguMprofeti, kuba uMoses wathi, “Uyakuba nguMprofeti.” Zonke ezo ntandabuzo bezikho iminyaka emine ngaphandle komprofeti, kwathabatha umprofeti ukuyimisa kakuhle, kwasoloko kuso sonke isigaba. Kwaye apha Wayemi phaya.

²⁰¹ Kwakungekho mbuzo kubo. Babelinde phaya namasundu ezandleni zabo, “Uzakuza emva kwethuba.” Belindile!

²⁰² Isixeko sonke, sixakanisekile. Bathi, “Elo ligquba lababaxi lihlanganise phandle phaya esangweni.”

²⁰³ Omnye wathi, “Andazi yintoni Ayakuyenza xa enyukela apha. Uyazi, ndi—ndikholwa ngenene ngumlinganisi. Ndiyakholwa unonyawo lomvundla Ulihlikihla endlebeni Yakhe, uyazi, okanye into ethile njengaleya, uyazi.”

204 Kwaye nje ngohlobo abatsho ngalo namhlanje, “Owu, luhlobo oluthile lofudo ngqondo. Yi—yinto ethile...” Bangayichaza yonke indlela.

205 Omnye wathi, “Lowo ngumtyholi. Hlala ngapha kweli cala lesixeko. Ungabi nanto yakwenza nokuya. Ungasebenzisani nalaa mhlango. Ungahli uye phaya, yabona. Asiyikuba nanto yakwenza nayo.” Indidi ezintathu.

206 Ngoku qaphela. Ngoku apha Uza ekhwele esixekweni. Nje ngqo oko iLizwi lithe Uyakukwenza. Ekhwele kwi-esile elincinci, esiza esixekweni. Abo babengajonganga kuvumkolo, bengajonganga eTempileni, bengajonganga kuzo zonke ezi zinto, bengajonganga kubabingeleli, into ababeyakuyitsho. Abo bakholwayo Nguye, babemile phaya kunye namasundu esandleni. Nje belinde intshukumo yokuqala. Zange uve besithi, “Ngubani lo uzayo?” Owu, hayi! Babesazi Ngubani ozayo. Babekwazi oko iLizwi likutshiloyo. Yabona? Kwaye olunye uluhlu, bajonge besemva esixekweni? Kwaye xa bevayo le ngxolo: “Hosana kuKumkani! Hosana kuKumkani ozayo eGameni leNkosi. Hosana! Hosana!” Konke ukukhwaza!

207 Ababingeleli babaleka ukuya kujonga lumalunga nantoni oluxokozelo lwenkolo. Kwaye abantu bathi, “Ngubani lo?” Babelapho ngantoni, zihlobo? Isidlo senkolo! Oyena Thixo owabenza babeka iSidlo, wabaxelela ukuba Uyakubalapho nje ngolo hlobo, kwaye bakhwaza, “Ngubani lo?”

208 Ixesha aliguqukanga. Abantu benziwe ngohlobo olunye njengoko babenjalo ngoko. AmaHebhere 13:8 athi, “Nguye izolo, namhlanje naphakade.” Ngoku ndizakuvala ngokutsho oku: Umbuzo awukho kubo kwakhona. Babuza, “Ngubani lo?” Kodwa ngo1964, umbuzo ngu: “Ingaba nithi Ngubani na lo?” Imalunga nantoni yonke lento? Ingaba nikhe nema naphengulula iZibhalo? Nicinga ukuba Ngubani lo? Ingaba lufundo lwengqondo? Ingaba yinto ethile endlongondlongo ephuma entlango ngaphaya ndaweni ithile, njengoko bathi, “UYohane wayeyindoda, endlongondlongo, entywilisela abantu emanzini phandle phaya.” Xa, u-Isaya wathi uyakubalapho, umanduleli. UMalaki wathi uyakubalapho kanje ngqo. Bona abaprofeti bathi, “Lo mprofeti uyakuvuka kanye phezulu phaya ukuyandulela.” Kwaye nanku ekhona.

209 Bathi, “Leyo yindoda endlongondlongo. Hlalela kude kuyo. Yabona? Sukubananto yakwenza nayo.” Kwaye naku kusiza uMesiya, nje ngqo ngoko iSibhalo sikutshiloyo, “Ukuba Uyakukhwela esixekweni phezu kwenkonyane le-esile. Ethobekile enobulali, phezu kwenkonyane yedonki, esiza esixekweni, ukuze iZibhalo zibe nokuzaliseka.” Kwaye naba bemile abantu kwisidlo senkolo kwakhona, njengoBhalam, kwisidlo senkolo besithi, “Ngubani lo?”

210 Kwaye namhlanje, iZibhalo zithembisile ngale yure, zihlobo, Sizalisawe kanye phakathi kwethu, iyure emva kweyure. Nicinga Iyintoni? Masifundisise malunga naYo xa sithoba iintliko zethu.

211 Thixo Othandekayo, siyacinga sonke ngokuzinikeleyo, nzulu, ngokuba kufuneka sikwenze oku. Kusezandleni zethu, Nkosi. Siyakubona Wena, uKumkani omkhulu. Sibona isithembiso sakho seLizwi. Sibe sikhangele oku iminyaka, sokuba eli xesha likhulu lifike, xa siphila kanye ngoku. Siyalibona iLizwi Lakho elithanjisiweyo ebantwini Bakho, Liphila, kanye ngqo ngoko Uthe kuyakwenzeka. Sibona iqela likaSathane elithanjisiweyo phandle phaya. Kwaye silizekelisile Lona esizweni, emva naphambili ngeLizwi, ke akusayi kubakho litye lishiyekileyo lingatyhilwanga. Andazi ngubani ommiseleyo ebomini, Nkosi. Asiyondaba yam yokwazi oko, leyo yindaba Yakho. Kodwa yindaba yam yokususa lonke ilitye. Thixo ndincede, nceda omnye umntu okholwayo lilo. Susa lonke ilitye, Nkosi, okokuba akusayi kubakho nto Wena uyibekileyo kuphela koko kuyakuliva.

212 Sifuna ukubona ukuza Kwakho, kanye kwisizukulwana sethu, Nkosi. Siyayikholwa. Siyakholwa ukuba—ukuba kukho omnye uLwesihlanu wamaSundu; uLwesihlanu Olungileyo kunye noLwesihlanu wamaSundu. Ubethelelo eBandleni lakho, kodwa uloyiso lwethu xa Usiza ukhwele.

213 Siyathandaza, Thixo, ukuba Uyakusikelela, namhlanje, abantu Bakho. Sikelela eli bandla lincinci. Sikelela lomalusi uthandekayo nonyana wakhe apha, uMzalwana Outlaw kunye—kunye nonyana wakhe; bobani uJimmy Mdal. kunye noMnci. Sikelela wonke bani okhoyo apha.

214 Thixo, sanga singangaze size apha ngale ntsasa. . . Ndanga ndi. . . ndingaze ndiqhubele ukusuka eTucson nje ukuthi nje. . . Ukuba ndinenyweba yokuthetha kubantu abathile, Nkosi, ibi—ibingekuko u—ukuzukisa nanto kuphela loMntu, lona abantu bamangalayo ukuba ngubani. Bayazi ukuba laa ndoda ayinakwenzeka lento. Bayazi kungaphaya kwendoda ukwazi ezi zinto. Kodwa abantu bathi, “Iyintoni?”

215 Nkosi, siyazi NguWe. NguYesu Kristu, emntwini kaMoya oyiNgcwele. UnguMoya oyiNgcwele. “Ndisuka kuThixo. Ndiya kuThixo.” Kwaye sibona iNtsika yoMlilo enkulu phakathi kwethu, Nkosi, ekwanye njengoko benzayo ngoMoses kwindawo yokuqala eBhayibhileni. Siyayibona Yona embindini weBhayibhile xa uPawulos wayesendleleni eya eDamasko. Siyayibona Yona. Ngoku apha siyayibona Yona kwixesha lokugqibela kwakhona. Isithathu sisiqinisekiso. Ibe inguMyalezo ngaxesha lonke.

216 Thixo, yanga indoda nabafazi bangabi sabambelela kwizithethe neemvumo-nkolo. Kodwa banga bangaphuma kulanto, banikele impilo yabo ngokupheleleyo kuThixo baze

bakholwe; hayi ukuthembela nje phezu kolwazi lwengqondo nezinto zomntu, kodwa ukuthembela kuThixo Ophilayo. Ngelixa ezi holide ziqhubeka, isililo esisesi: “Ngubani na lo? Yintoni yona? Imalunga nantoni yona?” Abantu benkolo batsho kwa into enye. Kwaye ise kwayiNkosi uYesu omnye, enziwe inyama ebantwini Bakhe, ethambisa iLizwi Lakhe esenzela uMtshakazi. Kwaye abaliqondi. Bonke baxhwithekile eLawodike, de bangazi Limalunga nantoni. Kodwa umprofeti wathi, “Kuyakubakho uKukhanya ngexa langokuhlwa.” Ke ngoku, sikhangelana Kona, Nkosi. Yiza, Nkosi, sikelela ngamnye.

²¹⁷ Ngeentloko zenu ziquyidiwe ngoku, kunye neentliziyo zenu. Niyayikholewa lena ukuba yiNyaniso? Ninjalo? Phakamisani nje isandla senu, nithi, “Ngenene ndiyayikholewa lena ukuba yiNyaniso, okokuba siphila kwimhla yokugqibela. Silapha ngoku kwaye ndiyakholewa ukuba sijijekile kakhulu...” Ubusemhlanganweni ngenye imini, xa ingqolowa, isiqu... Uqwalasele, asikhange sibe nambutho wokulandela oku. Bendilapha kunye nomalusi wenu lonke ixesha, unyaka nonyaka. Ngokuqhelekileyo, emibini okanye emithathu iminyaka kwaye yenziwe umbutho. Ayikhange yenziwe umbutho ngeli xesha. Ayikwazeki. Ikhasi lizihlubule kude kuYo, kodwa akukhange kube kuqhubekela phambili. Ingqolowa, ulungiselelo luguqukela kanye ngasemva ngendlela belililo ekuqaleni. NguYesu Kristu phakathi kwethu, sihlobo. Hayi umntu, kodwa iNdoda uKristu Yesu ophila kuni, nofuna ukuba yinxalenye yenu, nani nibe yinxalenye Yakhe. Aniyi kumamkela Yena namhlanje?

²¹⁸ Ingaba ukhona apha ongalwamkelanga ubhaptizo loMoya, okwangoku? Ngoku nithi, “Mzalwana uBranham, siyakuxelela, ndikhwazile ngaxesha lithile.” Ilunge kakhulu lonto. “Ndithethe ngeelwimi kwakanye.” Ilunge kakhulu lonto, nayo. Kodwa oko ayikoko ndithetha ngako. Ungakhwaza njani uze uthethe ngelwimi uze uphike iLizwi? Ubungqina bukaMoya oyiNgcwele kukukholwa iLizwi Lakhe. Soloko kunjalo sonke isigaba ukuba unokwamkela iLizwi. Abo babingeleli bamenza uYesu wabetha izigidi zeemayile xa kufikwa kwiziqhamo zikaMoya: ukululama, ukuba noxolo, ubulali, ukuthobeka. Wadlakaza iicawa, wabakhaba; wadlakaza abantu, wababiza bona “iinyoka engceni” nayo yonke into. Yabona? Kodwa Waye Elelaa Lizwi. Waye Elelaa Lizwi. Yilonto: kholwa uThixo. UThixo liLizwi. Likholelwe.

²¹⁹ Ukuba zange wamkele ubhaptizo lobuKristu okwakaloku nje, kukho iqula apha. Akuzange wamkela uqobo lukaMoya oyiNgcwele okwakaloku nje, oko kukwenza wazi ukuba lonke iLizwi likaThixo liyiNyaniso; uthi, “amen” kuLo uze uLikholelwe ngentliziyo yakho yonke, emva koko unakho ukulamkela Lona ngale ntsasa. Emva koko akuyi kumangala Ungubani lo obenza abantu benze ngendlela abenza ngayo.

Uyakwazi iYintoni. Ukuba akukayiva ngamava lonto, ungathi, “Mzalwana uBranham, ndikhumbule emthandazweni wakho, kwaye ndiyakuphakamisa isandla sam”? Kwaye uthi, “Kwaye ndiya—ndiya. . .” UThixo akusikele. UThixo akusikelele, wena, wena. UThixo akusikelele, kuhle oko. UThixo akusikele, kuhle.

²²⁰ Owu Thixo, nje ngoko umculo udlala kamnandi. . . Owu, Wena uyamangalisa! Ngokuqinisekileyo. “Mcebisi, Nkosana yoXolo, uThixo uSomandla, UBawo wanaphakade.” Ndiyathadaza ukuba Wena uyakunika aba bantu, Nkosi. Ndingathandaza kuphela. Koku kuphela endikwaziyo ukwenza, kukubacela. Baphakamise izandla zabo. Ndenze njengoko ndithembisile kubo, ndiyathandaza ukuba Wena uyakubanika la mava makhulu; hayi nje uhlotyana oluthile nje lwemizwa, kodwa amava enene; ukuhlangana noThixo njengoMoses wenzayo phaya emabaleni kuZuko lweShekinah; kwaye hayi nje kuphela phaya, kodwa bangazange bajike kwela Lizwi, ukuhamba kakuhle ukuya kuMhlaba weSithembiso nalo. Thixo, nika oko kuye ngamnye nakuye wonke, ngale ntsasa.

²²¹ Kukho ukugula phakathi kwethu namhlanje, Thixo. Siyathandezela okokuba Uyakukuphilisa oko. Philisa wonke ogulayo umntu, sonke isidingo. Siphe oko, Nkosi. BangaBakho ngoku. Ndibanikela kuWe eGameni likaYesu. Amen.

²²² Ndiyaxolisa, ndibe lapha kanye ngeyure ezimbini. Kodwa jonga, ninobusuku bonke. Ningagoduka nivuseleleke nize nilale kancinci. Kodwa ningalibali oko ndinixelele kona. Ndinixelele okusuka entliziyweni yam. Ndiyazi ivakala ngokungaqhelekanga. Kwiminyaka embalwa eyagqithayo ndeza ePhoenix apha kanye nabantu, ndiphilisa abantu ngomthandazo wokholo. Andizange ndayicacisa, ndandingafuni kuyicacisa. Ndaqhukela nje ndabona oko abantu bayakukwenza, nje ukubukela ulinganiso nezinto ezivukayo. Ibe iyinto enkulu kum ukuyibukela.

²²³ Kodwa ngoku, ndiyeza kuni noMyalezo okokuba laa mqondiso ungqinelwe. Lenze ntoni ibandla. . . Hayi, ayizange yenze buhlelo. Kodwa kwenzeke ntoni emahlelweni kulemvuselelo? Benze ntoni? Baye ngqo eLawodike. Izigidi ngezigidi, nezigidi zezigidi zeedola zagalelwa kuyo, kwayenje. . . kwaye libelikhulu kwaye latyeba lakha ezezigidi zeedola ezexabiso izakhiwo nezinto ezinjengeziya. Kwaye ukwamkela uMyalezo? Akukho sidingo. Bawalile Wona. Yintoni? Ikhasi lisukile lemka kwingqolowa. Ngoku ingqolowa ifanele ibe ngalaa ndlela, ukuze ilale eBukhloneni boNyana ukuze ibe yiVangeli engcweleyo, ukhozo olubugolide ukwenzela uMfundisi. Aningekhe niLikhholwe na? Ngubani Lo, kakade? Ungubani Yena? Ingaba Yindoda? Ingaba Libandla? Ingaba Lihlelo? NguYesu Kristu, onguye izolo, namhlanje, naphakade. Ingaba niyaMkholelwa?

224 Andazi ngoku, nje okuncinci ukunqula emva kosikayo uMyalezo njengalowa, . . . Dade, ungasinika i—i—isandi, kunye nekwayala encinci apha, malunga no *NdiyaMthanda*. Ingaba niyayazi ingoma endala?

NdiyaMthanda, NdiyaMthanda
Ngokuba Wandithanda kuqala,
Wathenga usindiso lwam
Kwebandayo, emnyama iKhalvari.

225 Ningayacula nam? Nonke ngoku, nje ekunquleni. Nje—nje ukunqula nam.

NdiyaMthanda, . . .

Ngoku, khumbulani, njengomabonwakude, Úsegumbini lenu.

Ngokuba Wandithanda kuqala
Kwaye wathenga usindiso lwam
EKhalvari.

Ingaba niyaqonda kuthetha ntoni okuya? Ninganakho? Niyazifumana iinzulu zayo, oko Wakwenzayo?

NdiyaMthanda, . . .

Andimboni Yena, kodwa Úlapha. Ndinesikhongozeli esincinci apha, into encinci ekhanyisayo entliziyweni yam. Ndiyazi ibonakalisa Yena. Úlapha.

. . . ndithanda
Kwaye wathenga usindiso lwam
EKhalvari.

226 Ngoku, ndifuna nenze oku, ngelixa siyingqumshelayo. Ngoku sixubene xa ifika koko besikuko. Khumbulani, imvelaphi yam yayiyiKatoliki. Yabona? Ngoku siliqela elixubeneyo khona apha, kodwa siphumile kuyo lanto ngoku. SingabakaKristu. SingaBakhe. Ngoku siculayo oku, masijike size nje sixhawule izandla. Akunyanzelekanga uphakame. Yithi nje, “UTHixo akusikelele, mzalwana. UThixo akusikelele, dade,” ngelixa sikwenza oku, nje kwimo yobuKristu benene. Ndiyakholwa uThixo uyathanda ukunqulwa. Anicingi njalo? Mnquleni Yena. Yena. . . UThixo sisiqu sokunqulwa. Kwaye sifuna ukuMnqula. Kwaye siyenza kanjani. . . ? Niyathandana. Nifuna ukukhathalelana omnye nomnye. . . “Njengoko nisenza kwaba, nikwenza kuM.”

227 Masicule nje ngoku, kwaye—kwaye sixhawule isandla somnye, sinqule nge. . .

. . . kuba Wa. . .

UThixo anisikelele.

Owu, ndiyaMthanda, ndiyaMthanda
 Ngokuba Wandithanda kuqala
 Wathenga usindiso lwam
 E . . .

228 Andazi, ingaba oko kuyavutha entliziyweni yenu? Ingaba kukho into phakathi phaya ethi nje—nje evakala kamnandi? Niyazi, niziva ngathi nje ningathanda ukuYithatha apha niYixhome. Huh? Niziva ngalaa ndlela entliziyweni yenu? Ukuba, aninjalo, lumkani. Nikumhlaba oyingozi, yabona, ukuba akukho oluthile lwenene uthando ngaphakathi phaya, into ethile, “NdiyaMthanda.” Hayi nje umculo, kodwa inene. Wandithanda Yena kuqala. Kuphi apho ndinokuba khona, namhlanje. . . Ndinamashumi amahlanu anesihlanu eminyaka ubudala. Ubomi bam buyakuphela msinyane. Yabona? Kwaye yintoni e. . . Wathenga usindiso lwam. . . UMzalwana uTrow, ubungathini. . . ? [Umzalwana uthetha ebandleni—Mhl.]

229 Nibuvile oba bungqina, “Sindisiwe.”

Ndisindiswe ngamandla Akhe Angcwele,
 Ndisindiselwe kwimimango emitsha emihle!
 Ubomi ngoku bumnandi uvuyo lwam
 lungqibelele,
 Ngokuba ndisindisiwe!

230 Wazi njani? UMoya wam uyangqina kunye neLizwi Lakhe ukuba ndidlulile ekufeni ndangena eBomini.

231 Enkosi, maKristu athendekayo. Oko kundenzela okuhle. Ndiyathanda ukuza kwindawo enjengalena apho uziva usekhaya. Kunzima kum ukumka. Ndiyaqhubeka nje ndicinga, ndijonge kwela xesha; kwaye—kwaye ndibona intombi yam ihleli phaya, indihlunguzelisela intloko, kwaye ijonge phantsi ngolwa hlobo; kwaye—kwaye unyana wam, ehleli phezulu phaya, esithi, “Uyi—uyibambezelele ntoni apha?” Andazi. Ndiyathanda nje ukuhlala apha. . . niyazi. Andazi. Ndiyabuthanda ubudlelwana. Niyazi, andibufumani kwiindawo ezininzi (niyazi oko), ndifuna kancinci lonke ixesha. Kodwa ndiyazi ndisondelela phaya. Yabona? Kwaye ngenye imini ndiyakushumayela intshumayelo yam yokugqibela, ndivale iBhayibhile ityeli lokugqibela. Ndizakuthatha uhambo oluncinci ngelo lixa. Yizani kundityelele ngelinye ixesha xa ndiyenzile. Nyukani, kwaye siyakuhlala nje phantsi ngonaphakade, size sithethe njengoMzalwana uCarl esitsho, size sihlale ngonaphakade.

232 Ngoku jongani, zihlobo, ndizakunicela into ethile endifuna niyenze. Ngoku ndinigcinele ningayi kwisidlo senu. Yabona? Kwaye ngoku, uMzalwana Outlaw wenze into ngexesha elidlulileyo. . . Akafane enze nto endingayithandiyo. Kodwa, uthathe umnikelo ngenxa yam, yabona. Andazi nokuba omnye wabo uyakubuyela, aze athathe laa mnikelo emva phaya,

ama emgangathweni. Kwaye yiya uyokuwuthatha uthenge ukutya ngawo. Eso sisipho esivela kum, sibuyela kuni. Yabona? Kwenzeni oko. Yabona? Konke kulungile. Yindoda elungileyo. Wasoloko . . . Akazange . . . Zange ndiye naphina okanye nantoni ngaphandle yena—yena ufuna ukwenza into ethile ukuze andincede. Leyo yindlela yakhe.

²³³ Kukho amadoda ame apha; ndi—ndiyoyika ukubiza amagama awo, ingavisa kabuhlungu imizwa yabo. Kukho umzalwana othandekayo osandula ukundulukela eLuzukweni, umke kwamsinya. Umqweno wakhe . . . Ebesazi ndiyawathanda amahlathi, ke wayefuna ukundithengela ijeep. Bendingasayi kumvumela ayenze lonto. Kwaze emva imkile, umfazi wakhe omcinci wafuna ukuyenza, kwaye bendingasayi kumvumela ayenze lonto. Kodwa ixalenye yamakhwenkwe yahlangana aza eza ngapha . . . Kwaye—kwaye kukho omnye umzalwana oza kweli bandla, wathi, “Mzalwana uBranham, ndenze inqwelo zentlabathi.” Niyazazi, inqwelo encinci; okanye enikubiza *ihashi lengqesho*. Yaza yathi, “Ndiyakwenzela enye yazo.” Bendingasayi kuyivumela. Niyazi oko la makhwenkwe akwenzayo? Eza i—ijeep kunye nenqwelo yentlabathi ngokudibeneyo. Andizange ndiyibone efana naleyo.


²³⁴ Ukusukela kumhlangano waseTucson ngoba busuku, bayiqhubela eyadini yam, baza bathi, “Esi sisipho esivela ebantwini base—basePhoenix.” Yabona, bengazibandakanyi tu bona, batsho nje, “Owu, sithi sonke ngokuhlangeneyo, uyabona.” Leyo . . . Owu, ndi—ndiyazi nje ukuba ndingafika eZulwini, ndiyakuhlala nabantu abanjeya. Oko kuthetha lukhulu kakhulu kum, niyazi, nje into ethile enjengaleya; ezi zincinci . . . into ethile.

²³⁵ Oko kundenza ndizive ngalaa ndlela kuMzalwana Outlaw apha. Uthi, “Kulungile, Mzalwana uBranham, mna nje . . .” Nyukela apha kwenye . . . nje ndifumane indawo ethile de ndifikelele ekukuthandeni, ndithethe nawe, ndithethe ngoYesu. Kwaye—kwaye abantu be . . . Kuhle, niyazi, “Iintaka zoboya.” Niyazi, ngahlobo luthile ziyahlangana zithethe ngezinto, zidlelane ngokuhlangeneyo.

²³⁶ Kwaye ndi—ndiyakuncoma okuya, kodwa be—bendingafuni mnikelo, mzalwana, dade. Ndi . . . ibadla lam lindinika umrholo weedola ezilikhulu ngeveki kwaye ndenza kakuhle ngoko. Ke ndi—ndayayincoma. Ngoku ukuba nabani wenu ufuna ukufumana isidlo sakhe, kulungile, umntu othile uyakubuyela phaya esangweni nize nifumane isidlo ngam. Niyabona, iyakube ilungile nje. Abanye benu, ndiniginile ningadli. Niyamthanda? Ngoko nifanele nindithande ngoba ndiyinxalenye Yakhe. Yabona? Amen. Eso sisizathu ndinithanda. INkosi inisikelele.

²³⁷ Masiphakameni ngoku. Ningalibali imihlangano yethu ezayo. Naxesha liphi nikhona, khumbulani nje, ngenani.

Nisoloko namkelekile. Ningaba niyakundithandazela? Ndi—ndingumntu odinga umthandazo. Niyakuthandaza? Bangaphi obanokuqonda umthwalo, endifanele ndikwenze, kunye nezinto ezilele phambi kwam? Ndiyazi okuzayo, kanye ngaphesheya. Niyabona? Ndiyayibona kwangohlobo olunye njengoko ndibona ezinye izinto zisiza. Ndiyazi okuzayo. Yabona? Kodwa asiloxesha lokuthetha malunga nokuya. Masithethe ngokwenzekayo kanye ngoku. Ungomso uyakuzibonela. Yabona? Ningaba... niyakundithandazela? Ngoku, niziphakamisile izandla zenu niyakundithandazela? Kulungile.

²³⁸ UThixo anisikelele ngoku. Ndizakubuyisela inkonzo emva kowenu othandekayo umalusi, uMzalwana Jimmy Outlaw. UThixo akusikelele, Mzalwana uJim. 

INGABA NITHI NGUBANI NA LO? XHO64-1227
(Who Do You Say This Is?)

Lo Myalezo kaMzalwana William Marrion Branham washunyayelwa ngesiNgesi kusasa ngeCawa, ngo-Disemba wama-27, 1964, eJesus Name Church, Phoenix, Arizona, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waza wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yiVoice Of God Recordings.

XHOSA

©2018 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org